



UMGAQONKQUBO WOKUKHUSELA NOKUSHISHINA  
NGEPROPATI YEMVELISO YOBUNGQONDI (IP)  
WEYUNIVESITHI YASE-STELLENBOSCH



forward together  
sonke siya phambili  
saam vorentoe

1 EyoMqungu 2023

# UMGAQONKQUBO WOKUKHUSELA NOKUSHISHINA NGEPROPATI YEMVELISO YOBUNGQONDI (IP) WEYUNIVESITHI YASE-STELLENBOSCH

<b>Uhlobo loxwebhu:</b>	Umgaqonkqubo
<b>Injongo:</b>	Ukulawula nokubonelela ngokuchongwa, ukukhusela kanye nokuthengiswa kwePropati yoBukrelekrele yiYunivesithi yaseStellenbosch, kwaye ngakumbi njengoko kunokuvela ngexesha lokufundisa nokufunda kanye/okanye uphando kanye nophuhliso lwemisebenzi eyenziwa kwiYunivesithi yaseStellenbosch, nangokuthobela isikhokelo esisebenzayo solawulo nemithetho.
<b>Samkelwe:</b>	Libhunga leYunivesithi yaseStellenbosch
<b>Umhla wokuvunywa - Umgaqonkqubo Wokuqala</b>	EyoMnga 2004
<b>Umhla wokuvunywa - Umgaqonkqubo Wesibini</b>	EyoMnga 2010
<b>Umhla wokuvunywa - Umgaqonkqubo Wesithathu</b>	EyoMnga 2022
<b>Umhla wokuphunyezwu kwavo:</b>	1 EyoMqungu 2023
<b>Uhlaziyo olugqithileyo:</b>	Umgaqonkqubo wokuqala uphunyezwu ngeyoMqungu 2005 Ulungiso lokuqala lomgaqonkqubo ngeyoMdumba 2010 Umgaqonkqubo wokuqala wahlaziywa ngo2010 Umgaqonkqubo wesibini uphunyezwu ngeyoMnga ka2010 Umgaqonkqubo wesibini uhlaziwe ngo2021 Umgaqonkqubo wesithathu uphunyezwu ngeyoMnga wama2023
<b>Umnini womgaqonkqubo:</b>	IGosa eliLawula iMisebenzi kwiYunivesithi yaseStellenbosch
<b>Umgcinimafa womgaqonkqubo:</b>	UMphathi oyiNtloko: Ukwensiwa kwezinto ezintsha kanye noRhwebo
<b>Amagama angundoqo:</b>	imveliso eyilwe ngobungqondi, abasebenzi, abafundi, izinto eziqanjiweyo, uphando lwekhontrakthi, ukubonisana, ilungelo lokushicilela, ukuxhaswa ngemali ngokuphandle, iindleko ezipheleleyo, ukubhengezwa, ukuchongwa, ukhuseleko, uphando kanye nophuhliso, urhwebo kanye nokwabelana ngenzozo; Umthetho we-IPR, abaxhasi be-IP
<b>Ukusebenza:</b>	Inguqulelo yesiNgesi yalo mgaqo-nkqubo yinguqulelo esebebenzayo, kwaye inguqulelo yeAfrikansi luguqulelo.



**UMGAQONKQUBO WOKUKHUSELA  
NOKUSHISHINA NGEPROPATI YEMVELISO  
YOBUNGQONDI (IP) WEYUNIVESITHI YASE-  
STELLENBOSCH**

**UMHLA WOKUQALA UKUSEBENZA: 1 EyoMQUNGU 2023**

# ISIQUULATHO

## ICANDELO 1 IINKCAZELO

### ICANDELO 2 UMGAQONKQUBO WASE-SU OMALUNGA NEPROPATI EYIMVELISO YOBUNGQONDI

- 2.1 AMAGQABANTSHINTSHI NGOMGAQONKQUBO**
- 2.2 UKUSETYENZISWA KOMGAQONKQUBO**
- 2.2.1 IMIBA GABALALA
- 2.2.2 I-IP ENTSHA
- 2.2.3 IINGQIQQ EZINOKUZA NOSHISHINO
- 2.2.4 UPHANDO OLUCELIWEYO
- 2.2.5 IZIFUNDO ZETHUTYANA
- 2.2.6 IIMPAWU ZEZIKO
- 2.3 IINJONGO ZALO MGAQONKQUBO**
- 2.4 IZISEKO ZALO MGAQONKQUBO**
- 2.5 UKULUNGISWA KONGQUZULWANO**
- 2.6 IZIKO ELINOXANDUVA LOMISELO LWALO MGAQONKQUBO**
- 2.7 IIFOMU KUNYE NAMANYE AMAXWEBHU ENKXASO**

## ICANDELO 3 ILUNGELO LOBUNINI BOMBONO OKANYE BEMVELISO YOBUNGQONDI

### 3.1 ABASEBENZI

- 3.1.1 UMBA GABALALA
- 3.1.2 IMIQATHANGO YAMALUNGELO OBUNINI
- 3.1.3 IMIQATHANGO YOYILO OLUTSHA, IIDIZAYINI, ABATSHINTSHI BEZITYALO NEYOLWAZI
- 3.1.4 UPHANDO, UPHANDO LWETHUTYANA NOKUBONISANA NE-SU
- 3.1.5 AMALUNGELO KARHULUMENTE
- 3.1.6 UMSEBENZI UMNTU AWENZA BUCALA
- 3.1.7 IP YABASEBENZI ABAQESHWE YI-SU
- 3.1.8 ABANTU ABAQESHWE NGEKHONTRAKTHI
- 3.1.9 ABASEBENZI ABASEBENZELA IYUNIVESITHI NEZIKO LANGAPHANDLE NGAXESHANYE

### 3.2 ABAFUNDI

- 3.2.1 IMIBA GABALALA
- 3.2.2 IMIQATHANGO YELUNGELO LOBUNINI
- 3.2.3 IMIQATHANGO YOYILO OLUTSHA, IIDIZAYINI, ABATSHINTSHI BEZITYALO NEYOLWAZI
- 3.2.4 IMIBUTHO YANGAPHANDLE EBONELELA NGEMALI YOKUFUNDA (NGEEBHASIC)
- 3.2.5 I-IP EYIYEYABAFUNDI
- 3.2.6 IMIQATHANGO YE-IP EBIKHONA NGAPHAMBILI
- 3.2.7 II-ASAYIMENTI, IDISETHEYSHINI NETHISISI
- 3.2.8 AMALUNGELO KARHULUMENTE
  
- 3.3 OOMPONDOZIHLANJIWE BABAPHANDI NABAHOHLI KUNYE NABO ABENZA IZIFUNDO EZINGAPHAYA KWEZOBUGQIRHA
- 3.4 ABAPHANDI NABAHOHLI ABAZINDWENDWE ZEYUNIVESITHI
- 3.5 IMIBUTHO YANGAPHANDLE
- 3.6 IIMPAWU ZEZIKO

**ICANDELO 4 IINKQUBO ZOKUKHUSELA NOKUSHISHINA NGOMBONO OKANYE NGEMVELISO YOBUNGQONDI (IP)**

- 4.1 UKUCHONGWA KWE-IP
- 4.2 AMALUNGELO ABHALISEKAYO OYILO OLUTSHA, IIDIZAYINI, NAWABAVELISI BEZITYALO
- 4.3 UKUDIZWA KWE-IP
- 4.4 UKUBHALISWA KWELUNGELO LOBUNINI, LEDIZAYINI OKANYE LOVELISO LWEZITYALO
- 4.5 INKQUBO YEKHOMPYUTHA
- 4.6 UNIKEZO NOKULAYISENISWA KWE-IP

**ICANDELO 5 IINKQUBO ZOKUSHISHINA NGELUNGELO LOBUNINI NGEENKAMPANI EZINGAMAHLUMELA ENKAMPANI ENGUNDOQO**

- 5.1 IZIGQEBA ZEENKAMPANI
- 5.2 AMANYATHETO OKUMISELA IINKAMPANI EZINGAMAHLUMELA ENKAMPANI ENGUNDOQO
- 5.3 UMSEBENZI ONGQUZULANA NOWEZIKO

**ICANDELO 6 ULWAHLULO LWEMALI EYINGENISO EFUNYENWE NGOKUSHISHINA NGEMVELISO OKANYE NGOMBONO WOBUNGQONDI**

- 6.1 UKWABIWA KWEMALI EYINGENISO EFUNYENWE KUSHISHINO NGE-IP
- 6.2 ULWABIWO LWENGENISO EFUNYENWE NGOSHISHINO NGE-IP APHO KUSABELWANA NGOBUNINI
- 6.3 IINZUZO EZIYIMALI NEZINGEYOMALI
- 6.4 INTLAWULO EYA KULOWO OKANYE ABO BATHE BANEGALELO KWI-IP

**UMgaqonkqubo wePropati eyiMveliso yoBungqondi weYunivesithi yaseStellenbosch**

<b>Inombolo yesalathiso yolu xwebhu</b>	
<b>Ihlelo leHEMIS</b>	
<b>Injongo</b>	Ukulawula nokulungiselela ukuchongwa, ukukhuselwa nokuthengiswa kwePropati eyiMveliso yoBungqondi yiYunivesithi yaseStellenbosch, ngakumbi njengoko kunokuvela ngexesha lokufundisa nokufunda kunye / okanye kuphando nophuhliso lwemisebenzi eyenziwa kwiYunivesithi yaseStellenbosch, ngokuhambelana nesicwangciso esingolawulo nemithetho.
<b>Uhlobo loxwebhu</b>	Uxwebhu lomgaqonkqubo
<b>UkuFikeleleka</b>	Ngokubanzi (ngaphakathi)
<b>Umhla wokuphunyezwa kwawo</b>	1 EyoMqungu 2023
<b>Umhla wohlaziyo</b>	
<b>Intusa yomgaqonkqubo</b>	Umgaqonkqubo wokuqala wasungulwa ngoJanyuwari 2005 Umgaqonkqubo wokuqala wahlonyelwa ngoFebruwari 2010 Umgaqonkqubo wokuqala wahlaziywa ebudeni buka2010 Umgaqonkqubo wesibini wasungulwa ngoDisemba 2010 Umgaqonkqubo wesibini uhlaziywe ebudeni buka2021 Umgaqonkqubo wesithathu wasungulwa .....
<b>Umnini womgaqonkqubo (kwinqanaba leziko)</b>	IGosa eliyiNtloko yeMisebenzi
<b>Igosa leli ziko (umgcinimafa) ojongene nale migaqo</b>	UYilo lweZinto eziNtsha noShishino
<b>Umhla wokuvunywa - Umgaqonkqubo wokuqala</b> <b>Umhla wokuvunywa – Umgawonkqubo wesibini</b> <b>Umhla wokuvunywa – Umgaqonkqubo wesithathu</b>	EyoMnga 2004 EyoMnga 2010 .....
<b>Wamkelwe</b>	LiBhunga leYunivesithi yaseStellenbosch
<b>Amagama angundoqo</b>	Ipropati eyimveliso yobungqondi, abasebenzi, abafundi, uyilo, uphando olwenziwa ngekhontrakthi, ukucebisana neengcali, ilungelo lokushicilela, ukuxhaswa ngemali ngurhulumente, ukubhengeza, ukuchonga, ukukhusela, uphando nophuhliso, ukushishina nokwabelana ngenzozo, i-IPR Act, Abanagalelo kwi-IP



# ICANDELO 1: IINKCAZELO

Intsingiselo yala mabinzana alandelayo kufuneka iqondwe njengeneentsingiselo ezichazwe apha ngezantsi xa esetyenziswa kolu xwebhu:

## IYUNIVESITHI YASESTELLENBOSCH OKANYE I-SU

IYunivesithi yaseStellenbosch okanye i-SU ihlanganisa zonke iifakhalthi, amasebe namacandelo ezifundo nangengowazifundo eyunivesithi, kwakunye neeyunithi, amaqumrhu namaziko obungcali kwakunye namaqela abufana nalawo amiselwe kwakunye nayinxalenyne yale yunivesithi.

## IPROPATI EYIMVELISO YOBUNGQONDI (IP)

IPropati eyiMveliso yoBungqondi ("IP") ihlanganisa naluphi na uyilo lwengqondo olunokukwazi ukukhuselwa ngumthetho ukuba lungasetyenziswa ngomnye umntu okanye elinye iqela, kubandakanywa nayiphi na into efunyanisiweyo, evelisiweyo, uhlobo lwestiyalo olubhaqiweyo, idizayini, ubuchule bokwenza into, uhlobo lokurhweba, ingqiqo, idatha, ulwazi, inkqubo, isikhokelo, imathiriyeli, uqambo, imodeli, uvimba, inkqubo yekhompyutha, isistimu, ikhowudi, umsebenzi wezandla, itekisi, umculo, uxwebhu, umzobo, iflowutshati, ialgorithm, ifomyula, itheyibhile, uqulunqo, ubalo, isipredishiti, umzobo ongumfuziselo, iplani yesakhiwo, ipatheni, inkqubo kunye/okanye ezinye iziphumo zophando, yaye ibandakanya nawaphi na amalungelo kolo yilo nokuba abhaliswe ngokusemthethweni, iinkcukacha eziyimfihi, iimfihi zorhwebo, amalungelo obunini, amalungelo oyilo okanye amalungelo abo basebenza ngezityalo okanye nawaphi amalungelo asondele kulawo, nokuba abhalisiwe okanye akabhaliswanga, kodwa kule IPP ayibandakanyi iimpawu zeenkampani, igama lewebhusayithi, igama leshishini, ibrhendi, ilogo okanye naluphi na uphawu olulolo hlobo nokuba lubhalisiwe okanye alubhaliswanga

## UMGAQONKQUBO WEPROPATI EYIMVELISO YOBUNGQONDI (IPP)

UMgaqonkqubo wePropati eyiMveliso yoBungqondi ("IPP") uthetha lo Mgaqonkqubo waseSU olawula ukudiza, ukukhusela nokurhweba ngelP okwenziwa yiSU, nokunokuthi kuvele ngexesha kufundiswa okanye kufundwa, xa kusetyenzwa neSU kunye/okanye kusenziwa imisebenzi yeR&D eyenzelwa eSU.

## UPHANDO NOPHUHLISO (R&D)

UPhando noPhuhliso ("R&D") luthetha umsebenzi woyilo nokusebenza ngokwenkqubo ethile owenzelwa ukunyusa uvimba wolwazi, kubandakanywa ulwazi loluntu nolwenkcubeko, okanye owokwenza iinkqubo ezintsha zolwazi olukhoyo.

## UMTHETHO WAMALUNGELO EPROPATI EYIMVELISO YOBUNGQONDI (IPR ACT) ATHE AVELA NGENXA YOMSEBENZI WOMTHETHO OXHASWA NGEEMALI ZIKARHULUMENTE

UMthetho waMalungelo ePropati eyiMveliso yoBungqondi eXhaswa ngeeMali zikaRhulumente, uMthetho 2008 wango2010 ("IPR Act") ngumthetho olawula iIP eveliswe kumaziko oMzantsi Afrika asebenzisa inkxasomali karhulumente kwimisebenzi yophando nophuhliso (R&D) yaye, lo mthetho uchaphazela neSU njengezikoo lemfundo ephakamileyo neloqequesho elifumana nelisebenzisa inkxasomali karhulumente kwIR&D yalo.

## IOFISI YESIZWE YOLAWULO LWEPROPATI EYIMVELISO YOBUNGQONDI (NIPMO)

Iofisi yeSizwe yoLawulo lwePropati eyiMveliso yoBungqondi ("iNIPMO") yiofisi yeSebe lobuNzululwazi noYilo lweZinto eZintsha emiselwe kulandelwa umthetho iIPR Act enomsebenzi wokubeka iliso kukhuselo nokurhweba ngelP kwimisebenzi exhaswe ngezimali zeR&D

zikarhulumente. iSU kufuneka inike ingxelo kwiNIPMO ngale misebenzi ngokokuthobela ilPR Act neMiqathango yayo.

## **IMIQATHANGO**

IMiqathango iħlanganisa imiqathango ebophelej, imiyalelo, izikhokelo nemigqalisel yokusebenza ekhutshwe ngokoMthetho weIP, nokuba isuka kuMphathiswa osebenza ngalo mthetho okanye kwiNIPMO.

## **I-INNOVUS TTO**

I-Innovus TTO yiOfisi yoHanjiso lweTekhonoloji yelInnovus, icandelo leSU elinoxanduva lokulawula, lokukhusela nokurhweba ngeIP yeSU, isebezisana neNIPMO kananjalo isenza umsebenzi weSU wokuthobela umthetho obizwa ilPR Act neMiqathango yawo.

## **ABASEBENZI ABASISIGXINA NABANYE ABASEBENZI**

Abasebenzi baseSU nabaphangeli bayo bebonke babandakanya bonke abantu abanekhontrakthi yokubonelela ngeenkonzo kwiSU, nokuba umsebenzi wabo ngowokuhlohlha abafundi okanye asingowokuhlohlha, kubandakanywa bonke abasebenzi bethutyana nabasisigxina baseSU, abasebenzi abakwikontraka yaseSU, abantu abathunyelwe ngamanye amaziko ukuba baze kusebenza eSU, abahlohl, abancedisi babaphandi, oosihlalo babaphandi, kunye nabaphandi/abahlohl abazindwendwe zeYunivesithi yaseStellenbosch kwakunye nabasebenzi abaseziofisini zaseSU abangoomabhalane nabanika inkxaso.

## **ABAUNDI**

Abafundi baseSU babandakanya bonke abantu ababhalisele izidanga okanye izifundo ezithile, kubandakanywa abo bafunda unyaka wonke kunye nabo beza ngamaxeshha athile, yaye babandakanya abo benza izifundo zethutyana kunye nabafundi abasuka kwamanye amazwe, kodwa ababandakanyi abafundi abanabahloli abangabancedisi abangabasebenzi baseSU babe abafundi bona bengabhaliselanga izifundo zaseSU.

## **ABASELE BEPHUMELELE IZIDANGA ZOBUGQIRHA**

Abantu abasele bephumelele izifundo zobugqirha ngabo bapase iPhD abathi bafumane isibonelelo semali ukubancedisa ukuba baphumeze amakhondo abo ezifundo zophando. Abangobafundi okanye abasebenzi baseSU kodwa babhalisiwe ngokusesikweni yaye bangamalungu eSU. Eyona bayenzayo eSU luphando kodwa basenokuyenza neminye imisebenzi edibene nezfundo efana nokuhlolha abafundi nokuba ngabahloli kubafundi abenza izifundo zophando phantsi komhloli ongumphangeli waseSU.

## **ABANTU ABANECALELO KWI-IP**

Abantu abaneGalelo kwiIP bahlanganisa bonke abasebenzi, abo sele bephumelele izifundo zobugqirha nabafundi baseSU abathe banegalelo elibambekayo ekumiselweni kweIP ngokuba negalelo kwimveliso ethile, kubandakanywa abavelisi, ababhalni nabanye abayili baloo IP, kwakunye nabo bancedisileyo ngemibono (abantu abangayenzanga loo mveliso kodwa banelinje igalelo elenze ukuba kubekho loo mveliso okanye olo yilo nekuthe kwavunyelwana nabo ukuba kufuneka bafumane isabelo kwinzozo yaloo mveliso) kwakunye nabanye abathe banegalelo kupuhhliso lwaloo IP abanokuthi banikwe ingqwalasela yilnnovus TTO yaye kwenziwe isivumelwano nabo ngabayili belP. Abantu abaneGalelo kwiIP kuya kulindeleka ukuba bavumelane ngegalelo labo kwakunye nomyinge wexabiso lokumiselwa kweIP.

## IINDLEKO EZIPHELELEYO

IiNdleko eziPheleleyo zithetha ukuba iR&D iħlawulelwe ngokupheleleyo ngendleko zabucala ngokwemiqathango yelPR Act neMimiselo yayo. I-IPR Act ayisebenzi kwiIP eveliswe kulandelwa isiseko seeNdleko eziPheleleyo njengoko kuchaziwe kwiMiqathango yelPR Act. Inkqubo engqalileyo yokugqiba ngeeNdleko eziPheleleyo ichazwe kwi*SU Policy for the Costing and Pricing of Research and Research Related Contracts* eyamiselwa yiSU ukuqinisekisa ukuba kuthotyelwa iMiqathango.

## UBONELELO NGEENKONZO ZOBUNGCALI

Xa kubonelelwa ngeenkonzo zobungcali, ulwazi lusetyenziswa ngengqiqo kananjalo kungade kuziwe nesisombululo kwiingxaki. Injongo yokubonelela ngenkonzo yobungcali mayingabi kukuza nolwazi olutsha oluninzi koko maybe yindlela yokusebenzisa ulwazi olukhoyo. Zimbini iintlobu zobonelelo ngenkonzo yobungcali, ezizezi, ukwenza oku usebenzela iSU kwakunye neyomntu ozisebenzelayo. Inkonzo yobungcali ebonelelwa yiSU yenzeka xa umphangeli ebonelela ngenkonzo yobungcali komnye umntu ngokwekhontrakthi ephakathi kweSU nomntu lowo. Inkonzo yobungcali yabucala yeyaxa umphangeli othe wafumana imvume kwiSU ukuba enze umsebenzi wabucala, ebonelela ngolwazi analo komnye umntu oza kumhawula, ekwenza oko engasebenzisi izibonelelo zaseSU yaye engasebenzisi abanye abasebenzi okanye abafundi baseSU. Inkonzo yobungcali yabucala, xa ithelekiswa nenkonzo yobungcali ebonelelwa yiSU, ayenziwa ngegama leSU, kodwa umphangeli uyazenzela ngokwakhe kwindawo anikwe ikhontrakthi kuyo.

## UPHANDO OLUCELIWEYO

Injongo yophando oluceliweyo kukukhangela ulwazi olutsha. Uphando oluceliweyo lucelwa ngumbutto wangaphandle yaye lusenokudinga ukuba kusetyenziswe izibonelelo zeSU. Omnye umphangeli kunye/okanye abafundi baseSU basenokubandakanyeka kuPhando oluCeliweyo. Uphando oluceliweyo lwenziwa egameni leSU yaye umphangeli akazenzeli ngokunokwakhe ecaleni.

## I-IP EBIKHONA

I-IP eBikhona ibhekisa kwiIP ebesele ikhona xa kuqalwa umsebenzi wophando nophuhliso (R&D) okanye omnye umsebenzi woyilo lwezinto ezintsha ethi isetyenziswe ngumsebenzi okanye umfundi ngeenjongo zaloo R&D okanye kumsebenzi woyilo. Kusenokufuneka ukuba kufunyanwe imvume yominni waloo IP ukuze isetyenziswe, kwanokuze kurhwetywe ngeziphumo zeR&D okanye ngeziphumo zomsebenzi ezixhomekeke ekusetyenzisweni kwaloo IP eBikhona.

## UMHLA WOKUQALA UKUSEBENZA

UMhla wokuQala ukuSebenza ngumhla eya kuthi le IPP iqale ukusebenza ngawo, ongowe1 KweyoMqungu 2023 njengoko kubhaliwe kwiphepha lokuqala lale IPP.

## ISIKHOKELO SOSETYENZISO

Lulwazi okanye iinkcukacha ezinexabiso ebezingaziwa nezikhokelela kushishino oluthile okanye kwiziphumo ezithile eziphathekayokanye ezinobungcali obuthile. ISikhokelo soSetyenziso sidla ngokuba sisihlomelo kwenye iIP kuba sisenokudingeka ukuze kumiselwe, kusetyenziswe ngempumelelo inkqubo ethile, kunye/okanye ukuze kugcinwe ngendlela loo IP. ISikhokelo soSetyenziso ingaba yinkqubo elandelwayo, izigaba ezilandelwayo, into eyenziwayo, isakhono esisetyenziswayo, imodeli, ulandeletwano lwamanqanaba, inkcazel, ulwakhiwo, idizayini, umgaqo, inkqubo, indlela yokwenza izinto, ingqiqo, ukuhambelana kwezinto, indlela yokusebenza, iimveliso ezingabhaliswanga ngokusesikweni okanye umbono omtsha woshishino.

## **ICANDELO 2: UMGAQONKQUBO WASE-SU OMALUNGA NEPROPATI EYIMVELISO YOBUNGQONDI**

### **2.8 AMAGQABANTSHINTSHI NGOMGAQONKQUBO**

IYunivesithi yaseStellenbosch yenze lo Mgaqonkqubo wePropati eyiMveliso yoBungqondi oxhasa imisebenzi engundoqo yeSU ngenjongo yokuphumeza umbono wayo neenjongo zesicwangciso sayo njengoko zichaziwe kwi*Institutional Vision 2040 and Strategic Framework 2019-2024*, kunye nomnqophiso wayo, ekuzibopheleleni ukuphumeza umnqophiso weziko wokuba liziko eliphume izandla kwizifundo nophando lobunzululwazi, ngokudala nokumisela imekobume yokufumana ulwazi, ukwabelana ngalo nokwenza ukuba kulo kuzuze uluntu. I-SU izinikele kumsebenzi wophando olunokukhokelela kulwazi olutsha, iimveliso ezintsha kunye nokuvulela uluntu kuvimba wolwazi ukuze kuzuze iSU, abantu abaneGalelo kwilP, kunye noluntu ngokubanzi. Ukushishina ngolwazi nokndlulisela iteknoloji kubonwa njengomcimbi ongundoqo kwimisebenzi yeSU ukuze kusetyenziswe olo lwazi ukwenza okuhle. Le IPP ayichaphazeli ukusetyenziswa kweempawu zeSU, amagama eziko, ilogo okanye izihloko zewebhusayithi, zinto ezo ezilawulwa nguMgaqonkqubo obizwa *iPolicy in Respect of the Use and Licensing of Stellenbosch University Trade Marks neBrand Identity Manual* yeSU.

KwiYunivesithi yaseStellenbosch, bonke abathathinxaxheba beziko nabangaphandle kulindeleke ukuba bayifunde yaye bayiqonde le IPP yaye baqinisekise ukuba lonke uphando kunye neminye imisebenzi eyenzeka eSU enokukhokelela kwilP yenziwa kuthotyelwa le IPP. Le IPP iseenza kuzo zonke iikhampasi zeSU, kubo bonke abasebenzi bethutyana nabasisgxina abahlawulwa leli ziko, kubasebenzi abakwikhontrakthi kubo bonke abafundi ababhalisileyo, abo sele bephumelele izifundo zobuggirha, nabaphandi/abahlohli abazindwendwe zaseSU. Lo Mgaqonkqubo uchaphazela nabo benzelwa uphando leli ziko kunye namahlakani ophando eSU.

I-SU liziko lemfundo ephezulu noqequeso, elifumana lisebenzise inkxasomali karhulumente kumsebenzi omniyi wayo weR&D. Ubuninzi belP obubekho ngenxa yenkxasomali karhulumente yeR&D bulawulwa nguMthetho *iPR Act and Regulations*, ngenxa yoko ke, iye yathathelwa ingqalelo *iPR Act and Regulations* xa bekuqulunqwa le IPP. Iyanyanelisa i-SU *yiPR Act and Regulations* ukuba iphuhlise ze imisele imigaqonkqubo yokuxela, ukuchonga, ukukhusela, ukuphuhlisa, ukushishina namalungiselelo okwabiwa kwenzuzzo evela kwilP ebekho ngenxa yenkxasomali karhulumente yeR&D kunye noveliso emalungeniswe kwiNIPMO olumiselwe kulandelwa *iPR Act* ukuze lwamkelwe. Le IPP ibonelela ngaloo migaqonkqubo yaye iya kungeniswa kwiNIPMO ukuze yamkelwe.

Amaziko emfundo ephezulu ayanyanelisa ukuba amenteyine iofisi yodluliselo lweteknoloji ukuze kuphunyezwe imisebenzi ethile egameni leziko ngokokuthobela *iPR Act*. I-Innovus TTO yiofisi yodluliselo lweteknoloji yaseSU. I-Innovus TTO ngoko ke inikwe uxanduva lokwenza imisebenzi yeofisi yodluliselo lweteknoloji egameni leSU phantsi koMthetho, kubandakanywa uphuhliso oluqhubeckayo holawulo lwale IPP nokungeniswa kwalo kwiNIPMO ukuze lwamkele, ukukhusela amalungelo eIP eSU, awabantu abaneGalelo kwilP namahlakani, nokwenza ukuba uluntu luzifumane iziphumo zeR&D ngodluliselo lweteknoloji. I-Innovus TTO ixhotyisiwe yiSU ukuba yenze lo msebenzi. Ngoko ke, iinjongo eziphambili zelInnovus TTO kukumisela le IPP kubuhlakani obuyinzuzzo kwiyunivesithi yaseStellenbosch nokusebenza kwayo ithobela izikhokelo zemithetho nemigaqo yokwenza lo msebenzi.

### **2.9 UKUSETYENZISWA KOMGAQONKQUBO**

#### **2.9.1 IMIBA GABALALA**

Le IPP ihlanganiswe yaye iyinxalenyeye yezivumelwano eziphakathi kweSU nabaphangeli bayo, abo sele bephumelele izifundo zobugqirha nabafundi, kubandakanywa zonke iikhontrakthi zemisebenzi neekhontrakthi zobonelelo-zinkonzo ezenziwe naBasebenzi baseSU nezivumelwano nabo sele bephumelele izifundo zobugqirha nabafundi ababhalisela ukufunda eSU. Le IPP iya kuqala ukusebenza ngoMhla wokuQala ukuSebenza njengoko kuchaziwe kwiCandelo 1 lale IPP. Le IPP ihlaziyiweyo ayisayi kuba nafuthe kwizinto esele zidlulile yaye ayisayi kusebenza kuzo naziphi iintshukumo okanye imisebenzi eyenziwe phambi koMhla wokuQala ukuSebenza kwayo, iya kuchaphazela i-IPP ebekho ukususela ngomhla wokuqala ukusebenza kwayo.

Le IPP ayifikeleli kuyo yonke into kodwa iyinxalenyeye yemodeli yolawulo ehlanganisiweyo yeSU yaye kufuneka ifundwe kunye neminye imigaqonkqubo yeYunivesithi kubandakanywa uMgaqonkqubo waseSU ongoPhando, uMgaqonkqubo waseSU ongeeNdleko eziPheleleyo noMgaqonkqubo waseSU weZifundo zeThutyana. Owona msebenzi wale IPP kukuchaza indlela iP, intsukaphi yayo iseSU, emayisetyenzwe ngayo, yaye ezona nto ijolise kuzo zezi:

- (a) ukujongana nobunini belP nokusebenza okanye ukushishina ngayo okuchazwe kuMacandelo 2, 3 no-4 ale IPP; kunye
- (b) nokuchaza, kwiCandelo 5 lale IPP, indlela iSU ezimisele ukuqiniseka ngayo ukuba aBantu abaneGalelo kwilP abangaba, umphangeli, abafundi, abo sele bephumelele izifundo zobugqirha abaphandi/abahlohli abazindwendwe zeSU, abathi bafumane ngayo ibango labo kwinzozo yokushishina ngale IP.

### **2.9.2 I-IP ENTSHA**

I-SU igcina iinkqubo ngokweCandelo 3 lale IPP, kwilP entsha eveliswe ngumphangeli, abafundi, abo sele bephumelele izifundo zobugqirha nabaphandi/abahlohli abazindwendwe ze-SU, eziya kunceda ukuqinisekisa ukuba:

- (a) kufunyanwa abona Bantu abaneGalelo kwilP kananjalo ukuba kukho into ezuzwayo, umntu ngamnye abe ufumana ngokwegalelo lakhe;
- (b) iP iphuhliswe ngokwaneleyo ukuze ilungele ukuba ikhuselwe phantsi kwelungelo lobunini okanye amanye amalungelo elP;
- (c) kuthathwa amanyathelo angawo ukukhusela iP entsha phambi kwalo naluphi upapasho lweziphumo zomsebenzi weR&D;
- (d) kuthathwa amanyathelo angawo kwinkqubo yokukhusela iP, kubandakanywa naxa kubhaliswa imveliso entsha, yaye injongo yezifundo yokupapasha iziphumo zophando lwezemfundo ithathelwa ingqalelo enamandla;
- (e) kwimeko nganye, iintlawulo zabiwa ngendlela enobulungisa kunye nayiphi na enye ingeniso yemveliso phakathi kweSU kunye nomvelisi ngokwemiqathango ekwiCandelo 6 lale IPP; nangokokuthobela iPRA Act neMiqathango yayo;
- (f) ukujonga ukukwazi ukusebenziseka nexabiso loshishino lelP nokuvavanywa ngendlela eyiyo.

### **2.9.3 IINGQIQU EZINOKUZA NOSHISHINO**

I-SU imenteyina iinkqubo ngokweCandelo 4 lale IPP, malunga neengqiyo, izicwangciso, nemibono, malunga nokushishina ngelP ezinokuthi zaziswe iSU ngumphangeli, abafundi, abo sele bephumelele izifundo zobugqirha nabaphandi/abahlohli abazindwendwe eziya kunceda ukuqinisekisa ukuba:

- (a) kuyakwazeka ukusebenziseka nokushishina ngezo ngqiyo ngokuthi oko kuvavanywe ngendlela eyiyo;

- (b) kuthathwa amanyathelo angawo ukugcina umongo wezo ngqiqo, ezo zicwangciso kunye/okanye imibono iyimfhlo kangangoko iziko linakho ukwenza oko;
- (c) kuthathwa amanyathelo angawo okuba lowo uthengisa loo ngcinka unikwa inkxaso, eya kubandakanya phakathi kwezinye izinto, uqequeso, uncedo, ukhokelo nendawo yokuqala ukusebenzela, ukuqinisekisa ukuba ishishini likhula ngempumelelo; kananjalo
- (d) kwimeko nganye, iintlalwulo zabiwa ngendlela enobulungisa kunye nayiphi na enye ingeniso yeshishini phakathi kweSU nalowo othengisa loo ngcinka kulandelwa iCandelo 6 lale IPP, kuthathelwa ingqalelo naziphi iindleko ezichithiweyo ngamaqela achaphazelekayo kumiselo lwelo shishini, kubandakanya netyala elenziweyo.

#### **2.9.4 UPHANDO OLUCELIWEYO**

Kwimeko yeR&D eyenziwe neminye imibutho, iSU idinga ukuba:

- (a) iIP yeSU nomsebenzi womphangeli weziko, abafundi, abo sele bephumelele izifundo zobuggirha nabaphandi/abahlohli abazindwendwe zibe zikhulsele ngokupheleleyo xa kusenziwa iikhontrakthi naloo mibutho; yaye
- (b) xa kuthathelwa ingqalelo oku kungentla, kwensiwe isivumelwano esibhaliweyo phambi kokuba kwensiwe uphando oluceliweyo naloo mibutho malunga:
  - namalungelo kunye nezinto ezilindelekileyo kuwo onke amaqela achaphazelekayo kuloo IP enokuvela kuloo R&D,
  - ukusetyenziswa kwaloo IP, kubandakanya ukunikezwa kwelayisenisi kunye nokushishina ngamalungelo, kunye
  - namabango neentlawulo ezsuka kuloo mveliso kunye nayiphi na enye ingeniso ebekho ngenxa yaloo IP.

#### **2.9.5 IZIFUNDO ZETHUTYANA**

UMgaqonkqubo oMalunga neZifundo zeThutiana ezbonelelwa yiYunesithi yaseStellenbosch ungoququzelelo nolawulo kunye nolwahluhlulo lwengeniso eyenziweyo olumento yokwenza nezo zifundo zethutiana. Ukusetyenziswa kweempawu zeSU ekuthengisweni okanye xa kufundiswa izifundo zethutiana nako kuthathelwe ingqalelo kule IPP. Kambe ke, kufuneka ithathelwe ingqalelo into yokuba, ngokoMhlathi 3.1.2 wale IPP, iSU inelungelo lobunini kwimathiriyeli yokufundisa yezifundo zethutiana yaye abo bathatha inxaxheba kwizifundo zethutiana zaseSU bathathwa ukuba bangabafundi baseSU ngokwale IPP yaye nayiphi na iIP eveliswe ngabo ngeli lixa bezimase ezo zifundo zethutiana, iya kulawulwa kulandelwa umhlathi 3.2 wale IPP.

#### **2.9.6 IIIMP AWU ZEZIKO**

Iimpawu zeziko zeSU (kubandakanya neelogo) zibhalisiwe ngenjongo zokuzibona kakuhle, xa kusenziwa ushishino, kunikezwa iinkonzo okanye kwiimveliso zaseSU kwiinkonzo okanye kwiimveliso zabo kukhutshiswana nabo. Ukusetyenziswa kweempawu zeSU kuchazwe kancinci kuMhlathi 3.6 wale IPP kwaze kwachazwa nzulu kuMgaqonkqubo wokuSetyenziswa nokuLayiseniswa kweeMpawu zeYunesithi yaseStellenbosch. Kufuneka iqatshelwe into yokuba, ngaphandle kwakuMhlathi 3.6, le IPP ayichaphazeli iiimpawu zeziko zeSU.

### **2.10 IINJONGO ZALO MGAQONKQUBO**

I-SU ithathela ingqalelo ukuba iIP yayo kufuneka isetyenziselwe ukuzuzisa iSU, abasebenzi bayo nabafundi kunye noluntu ngokubanzi. Ekumiseleni le IPP, ekuzameni ukuba lihlakani lolwazi likarhulumente, lamashishini abucala neloluntu, iSU ithathela ingqalelo ukuba abasebenzi bayo kufuneka bazikhetheli ukwenza uphando abafuna ukulwenza, ukukhupha iziphumo zophando lwabo babelane ngazo nabo basebenza kunye nabo basebenzisana nabo kunye nenkululeko

yokwenza umsebenzi wezifundo nowobunzululwazi. Ngaphezu koko, kunqwenelwa ukuba ukusebenza kwale IPP kuthathele ingqalelo iziseko zokudiza elubala, ubulungisa kuBantu abaneGalelo kwilP nakwiSU, isidingo sokuqondana nokwenza okuhle omnye komnye kumaqela anento yokwenza nelP ethile. Okokugqibela, le IPP ifunelwa, yaye inenjongo yokuqinisekisa ukuthotyelwa kwePR Act and Regulations yiSU (kubandakanywa zonke izikhokelo zokusebenza zeNIPMO ezimane zikhutshwa amaxesha ngamaxeshaa) kwizinto ezinento yokwenza nelP ebekho ngenxa yenkasomali karhulumente yeR&D eyenziwe eSU. Le IPP ngoko ke inezi njongo zilandelayo:

- Ibonelela ngomgaqonkqubo nemiqathango ebekwe yiPR Act emalunga nelP ebekho ngenxa yenkasomali karhulumente yeR&D eyenziwe eSU
- Ibonelela ngemisebenzi yelnnovus TTO njengeofisi yodluliselo lweteknoloji yeSU ngokokuthobela iPR Act and Regulations (kubandakanywa naziphi izikhokelo zokusebenza zeNIPMO)
- Icacisa amalungelo nezinto ezichaphazela iSU, nabaphangeli bayo, abafundi, amalungelo orhulumente waseMzantsi Afrika naweNIPMO namanye amahlakani eIP akhoyo eSU, kubandakanywa nalawo asuka ekufundiseni nasekufundeni, awefundo zethutyana zaseSU, awoMsebenzi oweNziwa yiSU kune nemisebenzi yeR&D
- Inikeza nemiqathango yokuchonga, yokuchaza, yokukhusela nokugcina ngokulungileyo iP yaseSU
- Ibeka imiqathango yokukhusela eyona misebenzi yokufunda efana nokufundisa, upapasho lwezinto ezingemfundo kune nenye iR&D yaye, aplo kufanelekileyo, iququzelela ukusetyenziswa ngendlela elungileyo kwilP yaseSU kwizinto ezingezezoshishino nezinezoluntu
- Ibonelela ngemiqathango yoboniswano kwezoshishino malunga nelP yaseSU, nokuba oko kwensiwa ngokomyalelo, ngokwelayisenisi okanye kwensiwa ziinkampani ezingamahlumela enkampani engundoqo
- Ibonelela ngamalungiselelo phakathi kweSU, abasebenzi bayo, abo sele bephumelele izifundo zobuggirha, abafundi namanye amahlakani malunga nokwabelana ngengeniso nezinye iinzuso ezivele ngenxa yokushishina ngelP yaseSU.

## 2.11 IZISEKO ZALO MGAQONKQUBO

Le IPP inenjongo yokuthobela ezi ziseko zingundoqo zilandelayo:

1. Le IPP kufuneka ijongane yaye iqinisekise ukuba kuthotyelwa yonke imigaqo nezikhokelo zemithetho ezibekwe ngumthetho, kubandakanywa ezePR Act and Regulations.
2. Le IPP kufuneka ikhusele yonke imisebenzi yemfundo yaseSU, kubandakanywa ukufunda nokufundisa, nopapasho lwezinto ezingemfundo.
3. Le IPP kufuneka ixhase ze ikhuthaze ukuyilwa, ukuxelwa, ukukhuselwa nodizo loshishino, yokuchonga, ukukhusela, ukupuhhlisa, ukushishina nokusebenza ngelP eSU ukulungiselela wonke ubani ochaphazelekayo.

## 2.12 UKULUNGISWA KONGQUZULWANO

Nayiphi imbambano emalunga nokuqondwa okanye ukusetyenziswa kwale IPP kufuneka kuqala yaziswe uMlawuli weTechnology Transfer welnnovus TTO. Ukuba ngaba imbambano ayisombulukanga de kuphele iiitsuku eziyi30 (amashumi amathathu) emva kokwaziswa ngayo, loo mbambano ingadlulisewa kuMlawuli oyinntloko: weCandelo leInnovation and Commercialisation lelnnovus TTO ukuba isonjululwe, yena oya kuthi azise iimanejala ezichaphazelekayo kune/okanye umphathi/abaphathi bomntu ochaphazelekayo kuloo mba. Ukuba ngaba imbambano ayisombulukanga de kuphele iiitsuku eziyi30 (amashumi amathathu) emva kokudlulisewa kwayo, imbambano ingadlulisewa kwilungu lesigqeba sabaphathi beSU abajongene nelnnovus TTO onguMphathi oyinntloko kwiCala lokuSebenza eSU onokuthi abandakanye amanye amagosa aseSU ngokokubona kwakhe. UMLawuli oyinntloko: weCandelo le-Innovation and Commercialisation lelnnovus TTO uya kuthi abonisane ze azise iDean echaphazelekayo okanye intloko yeZiko

eliChaphazelekayo lomntu obandakanyekayo phambi kokuba adlulisele loo mbambano kuMphathi oyiNtloko kwiCala lokuSebenza eSU.

## **2.13 IZIKO ELINOXANDUVA LOMISELO LWALO MGAQONKQUBO**

I-Innovus TTO yiyo enoxanduva lokumisela le IPP, yaye ngenxa yoko - .

- I-Innovus TTO inoxanduva lokwenza, lokwamkela, lokuphonononga, lonxibelewano nelokubeka iliso kule IPP, olubandakanya ukufumana imvume yeNIPMO kwizinto ezichazwe kwilPR Act.
- I-Innovus TTO inoxanduva elunikiweyo lokumisela nokulawula le IPP kunye nokusebenzisana kwanokunika ingxelo kwiNIPMO ngokwemiqathango ye-*IPR Act and Regulations*.
- Naluphi na ulwaphulomthetho okanye ukungathotyelwa kwale IPP kufuneka kuxelwe kwilInnovus TTO kunye neKomiti yoPhicotho ziNcwadi neyeMingcipheko yeSU (*SU's Audit and Risk Committee*).
- Amanyathelo okungathobel le IPP aya kuthathwa emva kokubonisana nelInnovus TTO kulandelwa amanqanaba olawulo ngokwemigaqonkqubo yoluteko esetyenziswa kumphangeli kunye/okanye abafundi baseSU.

## **2.14 IIFOMU KUNYE NAMANYE AMAXWEBHU ENKXASO**

Amaxwebhu enkxaso ekubhekiswe kuwo kule IPP adweliswe phaya kwiShedyuli yale IPP yaye umntu angawafumana kwiwebhusayithi yelInnovus TTO ku[www.innovus.co.za](http://www.innovus.co.za) okanye ngokuthumela i-imeyili ku[forms@sun.ac.za](mailto:forms@sun.ac.za).

# **ICANDELO 3: ILUNGELO LOBUNINI BOMBONO OKANYE BEMVELISO YOBUNGQONDI**

## **3.1 ABASEBENZI**

### **3.1.1 UMBA GABALALA**

Kufuneka bonke abasebenzi bayithathele ingqalelo into yokuba ilungelo lobunini bayo nayiphi into abayiyilileyo okanye engumbono wabo (IP), eveliswe ngexesha besenza umsebenzi weziko eli, leleYunivesithi yaseStellenbosch (SU). Amacandelo 3, 4 no5 ale IPP achaza inkqubo ethi ilandelwe yiSU ekucqinisekiseni ukuba abasebenzi bayo bangathatha inxaxheba ekurhwebeni ngaloo IP kwanokuba babonelelwe ngokuthi bafumane isabelo nabo kwinzuzzufumaneka ngezinto ezithengiswa kusetyenziswa loo IP.

### **3.1.2 IMIQATHANGO YAMALUNGELO OBUNINI**

Ilungelo lobunini kwimisebenzi ebekho ngenxa yephulo loPhando noPhuhliso (R&D) elixhaswa ngeemali ngurhulumente liya kuba leleSU ngokweIPR Act. Ubunini bemisebenzi eveliswe ngabo bonke abasebenzi baseSU abayenze ngexesha besenza umsebenzi weSU ngokweCandelo 21(1) (d) leCopyright Act buya kuba bobeziko eli. Akudingeki nokuba la malungelo adluliswe ngokusesikweni kwiSU, abasebenzi abasayi kububanga ubunini bawo yaye baya kunikezela ngawabo amalungelo kuloo misebenzi (kubandakanya amalungelo okusebenzia loo misebenzi) abakuthi bawanike iSU. Ngokwecandelo 3.1.8 lale IPP, abasebenzi abangoonokontrakwa kwiyunivesithi le, nabo kunyanzelekile ukuba banikezele amalungelo abo okuvelisa okanye okuyila okanye okubhala imisebenzi kuyo nayiphi na imisebenzi eyenziwe ngexesha besenza umsebenzi wekontraka weli ziko.

- Indlela yokubonakalisa amalungelo emisebenzi**

Apho kunokwenzeka, yonke imathiriyeli yokufundisa, iiflimu eziboniswayo, izinto ezirekhodiweyo ezinezandi, imisebenzi epapashiweyo neenkqubo zeekhompyutha (software) ezenziwe ngabasebenzi beSU xa bebesenza umsebenzi wabo, kufuneka ibhalwe okanye iboniswe ngolu hlobo lulandelayo:

Copyright © [faka unyaka], Stellenbosch University

**All rights reserved**

okanye

Kopiereg © [vul jaartal in], Universiteit Stellenbosch

**Alle regte voorbehou**

Ilungelo lobunini © [faka unyaka], IYunivesithi yaseStellenbosch

**Onke amalungelo ngaweli ziko**

Unyaka obandakanywe kwinkcaza ngunyaka apho iikopi zemisebenzi ziye zenziwa zaze zanikwa abafundi okanye uluntu, okanye unyaka ekupapashwe ngawo umsebenzi lowo, okokuqala. Ukuba uphinde wahlaziya loo msebenzi okanye uhlelo lwawo olutsha luye lwaphindwa lwapapashwa, kufuneka kuvele nomhla wopapasho lokuqala lomsebenzi obuwenziwe ngaphambili.

- Imathiriyeli yokufundisa**

Yonke imathiriyeli yokufundisa eyenziwe ngabasebenzi beSU xa besenza umsebenzi wabo wesiqhelo, kubandakanya ukufundisa, uphando nemisebenzi ebakhokelela

ekubeni baye kubonisana noluntu ekuhlaleni, iya kuthathwa njengemisebenzi efanele ukwenziwa ngabasebenzi ngokwengqesho yabo, ngaphandle kokuba kukho isivumelwano esingesinye. Le misebenzi ibandakanya imisebenzi eyilwe neyenziwe xa umsebenzi ebesenxa umsebenzi wakhe wesiqhelo, okanye xa ebefundisa into ethile, okanye esenza uphando oluthile okanye iiprojekthi ezimhlanganisa noluntu ebezinikwe loo mphangeli yiSU ukuba azenze. Loo msebenzi uya kubandakanya, phakathi kwezinye izinto, yonke imathiriyeli yokufundisa, imathiriyeli efakwe kwiiNkqubo zeeKhompyutha eziGcina iMisebenzi yaBafundi kunye nakuvimba okhuselekileyo oyielektroniki weeNkqubo zokuGcina iMisebenzi yaBafundi, amanqaku abhalwa eklassini, iimvavanyo kunye namaphepha eemviwo, iimathiriyeli yezifundo zexeshana nayo yonke imathiriyeli esetyenzisela abafundi abazimasa iiklasi kunye nabo bafundiswa bekude kusetyenziswa iinkqubo zekhompyutha kunye nabo bemfundo esesikweni nengekho sikweni, umz. imfundu yoluntu, iinkqubo zekhompyutha, oovimba kunye nemathiriyeli yeevidiyo nesebenzisa ezinye iintloblo zokufundisa elungiseletwe ukufundisa esetyenziswa ngabahlohli ukuze bafundise ngayo.

Umphangeli othi ayeke ukusebenzela i-SU, kufuneka phambi kokuba abe uyayishiya impangelo yaseSU, anikeze ngekopi yayo yonke imathiriyeli ebefundisa ngayo nebiyeniwe nguye ngexesha ebesebenzela eli ziko, ayinike uSihlalo weSebe okanye loo mntu otyunjelwe ukuba anikwe loo mathiriyeli kwifakhalthi asebenza kuyo njengeDean eliSekela (eJongene nokuFundisa). Akukho mntu uya kuthintelwa ukuba asebenzise imathiriyeli ebeyenze ngokwakhe ukuba afundise ngayo kwamanye amaziko ukuba nje ususe yonke into ekhankanya iSU.

Abasebenzi bangabandakanya imathiriyeli eveliswe ngabo kweminye imisebenzi efana neencwadi zokufundisa. Kambe ke, ukuba umphangeli ufunu ukuba loo misebenzi isetyenziswe ekufundiseni abafundi beSU (umz. iincwadi zokufundisa) ukuze bazithenge bazisebenzise kwizifundo zabo zaseSU, loo mphangeli uvelise loo msebenzi kufuneka aqale afumane imvume kwiDean yakhe.

Abasebenzi abaceba ukubandakanya imathiriyeli esuka ngaphandle kweyunivesithi nenelungelo lopapasho elingelolaseSU kwimathiriyeli yabo yokufundisa mabakwenze oko bethobela isivumelwano esibizwa ngokuba yiSU *General Copyright Guidelines under the provisions of SU's Blanket Licence Agreement* esikhutshwe nesilawulwa yilnnovus: Copyright; Trade Marks and Short Courses Division. Abasebenzi bangadibana nelnnovus: Copyright; Trade Marks and Short Courses Division ukuba ibancede ukuba bafumene ilayisenisi edingekayo ukuba basebenzise loo mathiriyeli inelungelo elingelinye.

- **linkqubo zeKhompyutha neeNtlobontlobo zeZiXhobo zoNxibeletwano**

Ilungelo lobunini beenkqubo zekhompyutha, eloovimba, eleemiboniobhanyabhanya neleevidiyo, elezandi ezishicileweyo, elosasazo neleemathiriyeli zeziXhobo zoNxibeletwano ezizintlobontlobo eziveliswe ngabasebenzi xa besenza umsebenzi weyunivesithi liya kuba leleSU, kodwa iSU isenokuvumela ezinye izivumelwano kwiimeko ezithile. Umphangeli othi ayeke ukusebenzela iSU, kufuneka phambi kokuba abe uyayishiya impangelo yaseSU, anikeze ngekopi yayo yonke imathiriyeli ebefundisa ngayo nebiyeniwe nguye ngexesha ebesebenzela eli ziko, ayinike uSihlalo weSebe.

Abasebenzi kulindeleke ukuba bagcine iikopi zazo zonke iimathiriyeli zoyilo nezo kucatshulwe kuzo xa kuveliswa iinkqubo zekhompyutha. Ilungelo laloo mathiriyeli iya kuba leleSU, kodwa iSU isenokuvumela ezinye izivumelwano kwiimeko ezithile. Abasebenzi kufuneka bayigcine iyimfihlo loo mathiriyeli kwakunye nemiyalelo yokusetyenziswa kwezo nkqubo zekhompyutha enokuthi iveliswe ngexesha kusenziwa uphando yaye kufuneka banikeze loo miyalelo yokusetyenziswa kwezo nkqubo kuphela kubantu abanikezwa igunya lokuyigcina apha kwiSU xa iceliwe. Imathiriyeli ekuthathwe

kuyo iinkcukacha nemiyalelo yokusebeniza iinkqubo ezo ethe yenzelwa kuphela ukubonisa abafundi, ingathi yona inikezwe abafundi mahala. Loo mathiriyeli nalo miyalelo iya kuba yinxalenyemathiriyeli yokufundisa eseletikhanyiwe apha ngentla.

Izicelo zamalungiselelo angamanye malunga namalungelo obunini kumsebenzi othile okhankanywe apha kufuneka zibhalwe ze zithunyelwe elnnovus TTO.

Abasebenzi kufuneka bazi into yokuba, noxa iinkqubo zekhompyutha zikhushelwe lilungelo lobunini, umtu akakuzenza zibe zezakhe yedwa, kambe ke oku kusenokungachaphazeli inkqubo yekhompyutha enengcinga engazange yeza namntu, nto leyo enokwenza ukuba loo nkqubo yekhompyutha ikwazi ukufumana ilungelo lokuba ibe yejomntu othile kuphela.

- **linkqubo zeKhompyutha eziTshintshekayo**

Noxa iSU isenokuba nebango kwiinkqubo zekhompyutha eziyilwe ngabasebenzi bayo, kambe ke iSU iyakuxhasa yaye ikukhuthaza ukuyilwa kunye nokuthathwa kwenxaxheba ekwenziweni kweenkqubo zekhompyutha ezinokutshintshatshintshwa okanye zifakelelwe.

Abasebenzi bangathi, bakhethetekhuthaza ukuyilwa kwenxaxheba ekwenziweni kweenkqubo zekhompyutha ezinokutshintshatshintshwa okanye zifakelelwe.

- Uluhlu 1: linkqubo zekhompyutha apho kudingeka imvume yeNIPMO phambi kokuba iinkqubo ezo zipapashwe,
- Uluhlu 2: linkqubo zekhompyutha ezinelungelo elingenakuthintwa okanye nayiphi iIP ekhuselweyo ekubhekiwe kuyo kumhlathi 4.2 apha ngezantsi, kunye
- Noluhi 3: linkqubo zekhompyutha ekunokushishinwa ngazo nezinokwenza ingeniso emandla.

KuLuhlu 1: imvume yeNIPMO ifunelwa ukuba kwasiswe uluntu ngeenkqubo zekhompyutha ezbekho ngenxa yophando olulandela inkqubo ethile okanye eziveliswe emva kokwenziwa kofuziselo oluthile apho isiphumo solo phando singaziwa okanye kungaquinisekwanga ngaso njengakwezi meko zilandelayo:

- Ukuveliswa kwenkqubo entsha yokusebenza okanye isigama esitsha sokusebeniza loo nkqubo
- Ukuyilwa nokumiselwa kwe-enjini yokuphanda entsha esekelwe kwitekholojo ebikhe yakhona ngaphambili
- Ukusonjululwa kwengxubakaxaka ekwizixhobo zekhompyutha okanye ekwiinkqubo zekhompyutha ngokuthi kujikajikwe inkqubo eseletikhana okanye uthungelwano olukhoyo
- Ukuyilwa kwealgoritm entsha nesebenzayo esekelezelwe kwiqhinga elitsha (ukutsho oko, iqhinga ebelingaziwa ngaphambili nelingekapapashwa)
- Ukuyilwa kwekhowudi yokufihla iinkcukacha okanye kwecebo lokhuselo.

Abasebenzi kufuneka bahlole iinkqubo zekhompyutha eziveliswe ngabo okanye eziyilwe phantsi kweliso labo phambi kokuba zaziswe kuluntu ukuhlola ukuba ingaba ezi nkqubo zekhompyutha ziphantsi koLuhlu 1, 2 okanye 3 njengoko kuchaziwe apha ngentla. I-SU iyayamkela into yokuba utshintsho oluncinane pha naphaya kwiinkqubo eseletikhana zekhompyutha ezinokutshintshatshintshwa, kusetyenziswa iindleta zesiqhelo zokusebenza

ngeenkqubo zekhompyutha, olo tshintsho alwenzi ukuba inkqubo leyo ibe phantsi kwenye yezi zintlu.

linkqubo zekhompyutha eziphantsi kwezi ziNtlu kufuneka zichazwe kwelnnovus TTO ze kuboniswane ngendlela ekufuneka ilandelwe phambi kokuba zibhengezwe kuluntu yaye umsebenzi kufuneka avumelane nelnnovus TTO ngendlela eza kubhengezwa ngayo loo nkqubo. I-Innovus TTO iya kuba noxanduva lokufaka isicelo sayo nayiphi imvume esemthethweni yokubhengezwa kwaloo nkqubo nokuthatha amanyathelo adingekayo ngokokubona kwelnnovus TTO, ukukhusela loo IP ekwiinkqubo zekhompyutha ezichaphazelekayo phambi kokuba ibhengezwe.

Akudingi kwaziswa kwelnnovus TTO ngemiyalelo yokuqala yokusebenza kwenkqubo xa kuboniswa abafundi, kufundiswa eklasini. Lo miyalelo yokusebenza kwenkqubo yekhompyutha ethile iya kuba yinxalenyen yemathiriyyeli yezifundo ekhankanywe apha ngentla.

Ukuba ngaba abasebenzi basebenzisa iinkqubo zekhompyutha ezinokutshintsheka bezisebenzisela uphuhliso, kufuneka baziqhelanise nemiqathango yeelayisenisi ezichaphazela ezo nkqubo zekhompyutha ezinokutshintsheka yaye kufuneka bayithobe. I-Innovus TTO ingapapasha iilayisenisi yeenkqubo zekhompyutha ezinokutshintsheka ezinokuchaphazela uphuhliso lwezinye iinkqubo zekhompyutha yaye abasebenzi abaneenjongo zokusebenza imiyalelo yezo nkqubo ezifunyenwe zinalo miqathango yezo layisenisi ukupuhhlisa iinkqubo zekhompyutha ezikuluuhlu olunemiqathango echazwe apha ngentla kufuneka baqhagamshelane nelnnovus TTO phambi kokusebenzisa loo miyalelo kwiinkqubo zekhompyutha.

- **Imisebenzi yoPhando kune neMisebenzi yobuGcisa**

Ingeniso ebikho ngenxa yezi zintlu zemisebenzi echazwe apha ngezantsi ayidli ngakubangwa yiSU, nokuba umsebenzi lowo wenziwe ngeli lixa abasebenzi bebesenza umsebenzi weziko eli.

- Imisebenzi yobugcisa (umz. imizobo) kodwa engabandakanyi eyokusebenza njengeedizayini (umz. iiflowutshati, imizobo yokusebenza kombane nemizobo yokudizayina)
- Uluncwadi (umz. imibongo, imihlathi okanye iincwadi), kodwa olungabandakanyi imathiriyyeli yokufundisa nemisebenzi ebhaliweyo esetyenziswa ekufundiseni njengoovimba kune nemathiriyyeli yokudizayina
- Umculo (uqambo), ukucula iingoma ezibhaliweyo nokuzirekhoda.

Loo misebenzi (umzekelo iincwadi zokufundisa) inganommiselo wokuba ifundwe ngabafundi ze bayithenge ukulungiselela izifundo zaseSU ezibhalwe nguloo mhlohl nezamkelwe yiDean yakhe, okanye yikomiti yefakhalti enikezwe igunya yiDean ukuba yenze oko.

Ilungelo lobunini kwiincwadi zokufundisa abafundi nemihlathi ebhalwe ngabaphandi nabahlohl abangabasebenzi baseSU liya kuba lelabo basebenzi, kodwa kufuneka ukuba iSU ikhankanywe xa kupapashwa loo misebenzi. Indlela emayikhankanywe ngayo isenokuchazwa yiSU. Kweminye imisebenzi echazwe apha ngentla, abasebenzi kufuneka baqhagamshelane ne-Innovus: Copyright; Trademarks and Izifundo zethutyana Division baqinisekise ukuba upapasho lwabo luza kuhlelwa ngolu hlobo phambi kokuba bapapashe umsebenzi wabo. Ngaphandle kokuba kuvumelekile ngokusemthethweni, nasemva kokwaziswa kweSU, abasebenzi baya kunikwa ilungelo lobunini okanye amalungelo okusebenzisa umsebenzi othile ze nengeniso ibe yeyabo kuloo misebenzi

(ngaphandle kwakwimisebenzi enemiqathango yobunini apha iSU inebanglo lelungelo lobunini). Kule meko, abasebenzi kufuneka bathathole ingqalelo ukuba yimisebenzi enelungelo lobunini enento yokwenza nemisebenzi yokufundisa abafundi kuphela engabandakanywanga kwimiqathango yelPR Act, efunisa ukuba iNIPMO iqale inikwe ilungelo lokufumana iP kwimisebenzi exhaswa ngezimali licandelo leR&D ukuba loo IP ayibangwa yiSU. Lonke ushishino olwenziwa ngabasebenzi ngemisebenzi enelungelo lobunini eyiyeyabo (umz. ushishino nabapapashi) kufuneka lwenziwe ngegama labo yaye ngabo abanoxanduva lwalo ngaphandle kokuba kukho isivumelwano esikhoyo kunye nesU. Abasebenzi bangasebenzia inkxasomali efumaneka kwiSU ukuphumeza le njongo. Ukuba abasebenzi baseSU banqwenela ukubandakanya imathiriyeli enelungelo lobunini elileleSU kuloo misesbenzi inelungelo lobunini (umz kwimisebenzi epapashelwe ukufundisa abafundi), kufuneka baqale bafumane imvume kwiSU yokuba kubandakanywe loo msesbenzi. Abasebenzi bangabonisana neCandelo loPhando noPhuhliso ukufumana imvume yokupapasha imihlathi ekwimisebenzi yokufundisa ebandakanya imathiriyeli enelungelo lobunini elileleSU. Kuyo yonke eminye imisebenzi, kubandakanywa iincwadi zokufundisa, abasebenzi bangabonisana ne-Innovus: Copyright; Trademarks and Izifundo zethutyana Division ukufumana imvume yokubandakanya imathiriyeli enelungelo lobunini elileleSU. Ukuba iSU ngokwesicelo somsebenzi, iyavuma ukuba ibandakanyeke ngqo kushinino lokupapasha umsebenzi onelungelo lobunini enxalenyen yalo ileleSU, loo mphangeli kufuneka avumela yaye anike iSU onke amalungelo adingekayo okuba iSU yenze umsebenzi wayo kolo shishino kumba welP

### **3.1.3 IMIQATHANGO YOYILO OLUTSHA, IIDIZAYINI, ABATSHINTSHI BEZITYALO NEYOLWAZI**

Abasebenzi baseSU (kubandakanywa abasebenzi abasisigxina kunye nabo basebenza ngekhontrakti) mabaqaphele ukuba onke amalungelo, ibango nesihloko sawo nawuphi na umsebenzi oyiliwego omtsha, ilungelo labo basebenza ngezityalo, idizayini, iingcebiso ngorhwebo nezinye izinto ezhambelana nezi, nokuba ziyabhaliseka okanye azibhaliseki, eziveliswe ngabasebenzi beSU ngexa besenza umsebenzi wabo wesiqhelo kunye noko bafanele ukukwenza ngokwengqesho yabo eSU, amalungelo aloo misesbenzi yonke ngaweSU, kananjalo ukuba ezi zinto azikho phantsi komthetho othile, abasebenzi banikezela onke amalungelo namabango kwiSU. Ngaphandle kokuba kuvunyelwene ngokukokunye, oku kuya kuya kubandakanya onke amalungelo, isihloko, nawuphi na umsebenzi oyiliwego omtsha, iintlobontlobo zezityalo idizayini, iingcebiso ngorhwebo nezinye izinto ezhambelana nezi, eziveliswe ngabasebenzi kwicandelo lobungcali abasebenza nabatyunjelwe kulo abasebenzi beSU.

Lo msesbenzi kunye nodluliselo lwamalungelo luya kubandakanya onke amalungelo, isihloko, nawuphi na umsebenzi oyiliwego omtsha, iintlobontlobo zezityalo eziveliswe ngumsebenzi ngexa esenza umsebenzi wakhe wesiqhelo kunye noko afanele ukukwenza ngokwengqesho yakhe, kuthathelwa ingqalelo yokuba isicelo sobunini, sedizayini okanye selungelo loveliso lwezityalo esiya kwenziwa xa kupheliswe ubudlelwane bomsebenzi kunye neSU.

Lonke uyilo olutsha, amalungelo abo basebenza ngezityalo, iidizayini iingcebiso ngorhwebo nezinye izinto ezhambelana nezi eziveliswe ngumphangeli kwisithuba asebenzela ngaso iSU kwicandelo lobungcali asebenza natyunjelwe kulo eSU, luya kuthathwa (i) ukuba lubekho ngenxa yoncedo lwenxasomali yoPhando noPhuhliso yeSU, ngaphandle kokuba umphangeli angabonisa ukuba loo IP ayixhaswanga ngezimali zeR&D ahlawulelwa ngazo yaye ayenziwanga ngeendleko ezipheleleyo ngokomhlathi 3.1.4 olapha ngezantsi, yaye (ii) ezi zinto azenziwanga ngumphangeli lowo ngexa esenza umsebenzi wakhe waseSU, yaye ukuba akavumelani noko, kuya kufuneka akuphikise esebezisa isivumelwano anaso, incwadi ekubhaliswa kuyo yeehambo nemisebenzi, okanye enye imathiriyeli ebunjalo yobungqina. Olo

yilo lutsha, amalungelo abo basebenza ngezityalo, iidizayini iingcebiso ngorhwebo nezinye izinto ezhambelana nazo eziye zadakancwa elubala kungaphelanga iinyanga ezili12 emva kokuyeka ukusebenzela iSU ziya kuthathwa njengokuba zibekho ngenxa yoncedo lwenkxasomali yoPhando noPhuhliso yesU kwanokuba zenziwe ngexa umsebenzi esenza umsebenzi wakhe wesiqhelo weSU, ngaphandle kokuba umphangeli lowo angabonisa ubungqina obuphikisana nobo esebevisa isivumelwano incwadi ekubhaliswa kuyo yeehambo nemisebenzi, okanye enye imathiriyeli ebunjalo yobungqina.

### **3.1.4 UPHANDO, UPHANDO LWETHUTYANA NOKUBONISANA NE-SU**

Uphando luxatyiwe kakhulu njengomnye umsebenzi ongundoqo wabasebenzi abahlohlha abafundi eSU. Uhlobo lophando lungalolona lusisiseko okanye lube ngumsebenzi owenziwayo. Kwimeko yophando olusetyenzisa njengesiseko, ixabiso lemal olunokuba nalo olo uphando, lisenokungabonakali xa lusaqala uphando olo. Ngoko ke, bonke abaphandi kufuneka balithathele ingqalelo ixabiso enokuba nalo ilP xa bebonisana nabanye abaphandi okanye noosomashishini. Injongo asikokuthintela unxibelewano nabanye abahlohlha kunye nentsebenziswano okanye intathonxaxheba kwiinkomfa neentlanganiso, koko kukukrobisa abaphandi kwinto yokuba, ukukhawuleza ubhengeze into ophanda ngayo ube ungayikhouselanga kungakhokelela ekuphulukaneni nokunikwa ingqalelo ngophando lwakho, ukhuseleko lwelP namathuba obunokuwasebenzisa.

Abasebenzi baseSU abatyelela amanye amaziko emfundo okanye eminye imibutho ngenjongo yokuxoxa ngophando lwabo okunokukhokelela ekuyilweni kwelP, okanye abenza uphando kwenye indawo ngexesha besathatthe ikhefu, kufuneka baqinisekise ukuba kwensiwa izivumelwano ezifanelekileyo ezimalunga nelP phambi kolo tyelelo. Abasebenzi mabanxibelelana ukuze bancedwe malunga nalo mba.

Kwangendlela efanayo, abasebenzi abacelwa yimibutho yangaphandle ukuba benze uphando okanye umsebenzi wethutyana bewenzela loo mibutho phantsi kweSU okanye besebenzisa izixhobo zeSU, nokuba umsebenzi lowo wenzelwa ndawoni na, mabaqinisekise ukuba kukho iikhontrakti ezifanelekileyo neSU. Ezo zivumelwano kufuneka ziqale zamkelwe yiSU, kulandelwa imiqathango ebekwe kumgaqo oyiSU *Contract Research Policy* okanye kwiSU *Consultation Work Policy* kunye nakule IPP. ICandelo loPhando noPhuhliso: leeKhontrakthi zoPhando liya kuncedisa abasebenzi kulo mba. I-Innovus TTO, isebezisana neCandelo loPhando noPhuhliso, ihlala ikho ukunceda abasebenzi kuthethwano malunga nomsebenzi abawuvelisileyo nakumasolotya oshishino ezo khontrakthi. Uphando lweXeshana nokuBonisana neSU luya kuthathwa njengokuba luyinxalenye yeR&D exhaswa ngezimali ngurhulumente yaye luya kuthathwa njengomsebenzi wesiqhelo owenziwa ngabasebenzi abenza umsebenzi waseSU, yaye ilP enokuvela ngenxa yaloo khontrakthi yophando iya kuba yeysU, ngaphandle kwaxa kukho isivumelwano esenziwe nemibutho yangaphandle, kulandelwa imithetho echaphazelekayo.

#### **Amalungelo oMsebenzi woMntu (IP) – Ahlawulelwaa ngokuPheleleyo**

I-SU iya kuzinika ingqwalasela naziphi na izicelo ezsuka kumbutho wangaphandle ezimalunga nobunini bamalungelo elP abekho ngenxa yomsebenzi weR&D okanye owenziwe ngentsebenziswano neSU ukuba ngaba iR&D okanye intsebenziswano neSU iye yabandakanya iindleko ezipheleleyo njengoko kuchaziwe kwiSU *Policy for the Costing and Pricing of Research and Research Related Contracts*. Buya kujongwa ubungakanani begalelo lombutho wangaphandle kwiR&D, kubandakanya nemali umbutho lowo oyifake kwiR&D, izinto okanye izixhobo obonelele ngazo, igalelo layo kwiIP eBikhona ngaphambili, igalelo layo kwiinzame zeR&D nasekushishineni ngayo. Kwiiprojekthi ezixhaswa ngezimali ngokupheleleyo, umthetho iPR Act awusebenzi, kodwa le IPP iyasebenza yaye ukunikezwa kwelaisenisi kuyo nayiphi ilP ebikhona ngaphambili yaseSU kumbutho wangaphandle kwezo Projekthi ziXhaswa ngeZimali ngokuPheleleyo, kufuneka kuvunyelwe yilnnovus TTO,

isebenzisana neCandelo loPhando noPhuhliso. I-Innovus TTO ikunye neCandelo loPhando noPhuhliso zingamisela iinkqubo nezikhokelo zokuncedisa kulo nkqubo yonikezo lwelayisenisi.

### **Amalungelo oMsebenzi woMntu (IP) – Angahlawulelwa ngokuPheleleyo**

Xa iindleko zeekontraka zophando zingahlawulelwa ngokupheleleyo, iSU kufuneka ithathele ingqalelo imigaqo nemithetho esebeza kwezi meko, kubandakanywa iR&D exhaswa ngezimali ngurhulumente. Ngaphezu koko, nayiphi iasayimenti, okanye ulwabelwano ngamalungelo eIP nombutho wangaphandle olwenzeke ngenxa yeKontrakthi yoPhando olungahlawulewa Zonke iiNdleko okanye olwenziwa kunye, kufuneka lwamkelwe yilnnovus TTO, isebenzisana neCandelo loPhando noPhuhliso, neNIPMO kuqala ze lusayinwe ngumntu otyunjwe yiSU. I-Innovus TTO ikunye neCandelo loPhando noPhuhliso zingamisela iinkqubo nezikhokelo zokuncedisa kulo nkqubo yonikezo lwelayisenisi.

#### **I-IP ebikhona ngaphambili**

Apho umsebenzi waseSU ecelwe ngumbutho wangaphandle ukuba enze uphando apho kukho iIP ebikhona ngaphambili (njengoko kuchaziwe kwiCandelo 1 lale IPP), engeyoyeSU, ekusafuneka yensiwe kwakhona okanye ingxaki ekhoyo kuyo kufuneka isonjululiwe, amalungelo obunini eSU aya kuba ngalawo ophuculo lweIP kuphela, kunye nalo naluphi na utshintsho olwenziwego kwilP ebikhona ngaphambili avele ngenxa yophando okanye ngenxa yeR&D nawo nawaphi na amalungelo emibono yabantu, awabakhulisi bezityalo, iidizayini kunye namalungelo obunini anokuthi avele ngenxa yolo phuculo kunye notshintsho. Kuzo zonke ezo meko, umsebenzi ochaphazelekayo kufuneka azise ilnnovus TTO kwangethuba ngokusetyenziswa noxhomekeko kwilP ebikhona ngaphambili ukuqinisekisa ukuba amalungelo amaqela achaphazelekayo kwilP avele ngenxa yeR&D ayacaciswa kwikhontrakthi ebhaliwego.

#### **3.1.5 AMALUNGELO KARHULUMENTE**

Abasebenzi mabawathathele ingqalelo kananjalo amalungelo oRhulumente woMzantsi Afrika kumba welP esuka kwimisebenzi exhaswa ngezimali licandelo leR&D equlethwe kwilPR Act nakwiMiqathango. I-SU kufuneka ithobele le miqathango nale mitethetho. Le miqathango nale mitethetho ayisebenzi kwimisebenzi enelungelo lobunini bomsebenzi wokuhlohl nowabahlohl okanye kwilP ngenxa yeR&D ukuba iiNdleko eziPheleleyo (njengoko kuchaziwe kwiUMgaqonkqubo waseSU for the Costing and Pricing of Research and Research Related Contracts) zeR&D zihlawulwa ngumntu wangaphandle okanye iziko langaphandle. I-Innovus TTO iya kuncedisa abasebenzi ekujongeni ukuba ingaba lo miqathango nalo mitethetho iyasebenza na kwiR&D, kodwa abasebenzi mabavele bacingele ukuba inokuba iyasebenza de iprojekthi leyo yeR&D iqinisekiswe ngumntu otyunjwego yiSU ukuba ithobela umgaqo oyiPolicy for the Costing and Pricing of Research and Research Related Contracts yeSU.

I-SU kufuneka imana inika ingxelo kwiNIPMO ngomba welP eyiliwego nekushishinwa ngayo evele ngenxa yeR&D exhaswa ngezimali ngurhulumente nabasebenzi. Ukuba oku akwenzeki, iNIPMO inganyanelisa ukuba kudluliselwe iIP engaxelwanga kuyo. Abasebenzi nemibutho yangaphandle ebandakanyeka kwikontraka zophando kufuneka bavume ukuba iIP iza kuxelwa. I-NIPMO inyanzelekile ngokwasemthethweni ukuba ibe nazo ezo nkukacha kodwa izigcine ziymfhlo.

I-NIPMO, ngokubanzi, inalo nelungelo lokuthatha inyathelo lokuqala ukufumana iIP esuka kwimisebenzi exhaswa ngezimali licandelo leR&D xa iSU isala ukuthatha elo bango okanye ifune ukhuselo olusemthethweni lwalo IP. Kuphela kuxa iNIPMO isala ukuba nebango kuloo IP apho iSU inokuniyeza, kuqala, nawuphi umbutho wangaphandle ochaphazelekayo, okwesibini umsebenzi ochaphazelekayo ithuba lokufumana loo IP. Kwakhona, oku akusebenzi kwiR&D xa

umbutho wangaphandle uhlawule Zonke iiNdleko zemisebenzi enelungelo lobunini enento yokwenza nomsebenzi wesiqhelo owenziwa eyunivesithi.

### **3.1.6 UMSEBENZI UMNTU AWENZA BUCALA**

Ukuze kuqondwe imihlathi 3.1.4, 3.1.5, no-3.1.6 ngendlela echanekileyo, kuyahlulwa phakathi koMsebenzi uMntu aWenza Bucala nalowo woBungcali oweNzelwa iZiko elithile yiSU, neKhontrakthi yoPhando, njengoko kuchaziwe kwicandelo 1 lale IPP. Umsebenzi woBungcali oweNziwa yiSU (*SU Consultation*) neKontrakthi yoPhando wenziwa ngokomyalelo weSU apho kuthi kubekho ikhontrakti phakathi kweSU nelinye iqela, ngeli lixa uMsebenzi waBucala usenziwa ngumsebenzi ezenzela yena engafakanga iSU kuloo msebenzi. Umsebenzi wabucala kufuneka wensiwe kulandelwa umgaqo weSU obizwa ngokuba yi*General Procedure for Private Work* owenziwa ngoNovemba 2006 kune ne*Consultation Work Policy* yeSU kusetyenziswana neKomiti eJongene noMsebenzi onokuthi uNgquzulane nomnye (*Conflicts of Interest Committee*) noMgaqonkqubo, kuxhomekeke kwimeko leyo.

Isiphumo soMsebenzi waBucala, nokuba yingxelo, umbono, okanye nayiphi na imveliso okanye inkonzo ebonelelweyo ngumsebenzi weSU kumbutho wangaphandle kubandakanya ilungelo lobunini kwimveliso leyo, ukuba nje akuzukudizwa iinkcukacha zeSU, singachazwa kungafunyenwanga mvume ibhaliweyo esuka kwiSU. linkcukacha eziyimfihlo zeSU zibandakanya iziphumo zeR&D zingabandakanya iR&D ezifunyenwe ngabasebenzi ngexesha besenza umsebenzi wabo waseSU. Isizathu salo mqathango kukuba iSU ingathanda ukukhusela amalungelo kumaphepha aseyunesithi apapashiweyo kune nabasebenzi ukuze bangacalulwa yaye iSU ingathatha amanyathelo adingekayo ukuthintela olo calulo. Kambe ke iSU, yiyo egcina ilungelo lobunini kwidatha engekasetenzwa eyenziwe ngexesha leR&D ukuze kukhuthazwe uphando olungolunye. Abasebenzi baseSU ngoko banikeza iSU ilungelo lobunini kune nawaphi na amanye amalungelo edatha engekasetenzwa, ngaphandle kokuba kuvunyelwene neSU.

Eminye imisebenzi yabucala engakhankanywanga kwinkczelo iya kuthathwa njengeKontrakthi yoPhando, ngaphandle kokuba kukho isivumelwano esingesinye, yaye oku kuya kuqwalaselwa ngokwemiqathango yomhlathi 3.1.4.

### **3.1.7 IP YABASEBENZI ABAQESHWE YI-SU**

Nawuphi na umsebenzi obanga ukuba iP yeyakhe, makeze nobungqina kwiSU bokuba loo IP ayibangakho ngenxa yomsebenzi obuxhaswa ngezimali licandelo leR&D yaye akawenzanga ngexesha ebesenzi umsebenzi wakhe wesiqhelo wale yunivesithi. I-SU iya kuthathela ingqalelo ukuba ingaba iP ibekho ngexesha umsebenzi ebezenzela uMsebenzi wakhe waBucala, okanye umsebenzi uwenze esebezisa izibonelelo zeSU, ijonge netayitile yokufunda yomsebenzi okanye isikhundla sakhe, kune/okanye ubudlelwane bakhe bengqesho neSU. Ukuba abasebenzi bafuna ukushishina ngelP eyiyeyabo, ilnnovus ingancedisa kulo mba, ngereyithi esetyenziswayo kwimakethe.

### **3.1.8 ABANTU ABAQESHWE NGEKHONTRAKTHI**

abantu abaqueshwe ngekhontrakthi yiSU babandakanyiwe kwisigama esithi "abasebenzi" kune nakweso sithi "amalungu asebenzela iziko" esisetyenziswe kule IPP, yaye ngenxa yoko kufuneka bathobele imiqathango enento yokwenza naMalungelo elP esetyenziswaa kubasebenzi beSU, ngaphandle kokuba kukho isivumelwano esiphikisana noku ekuvunyelwene ngokucacileyo ngaso. Ukuba iP eveliswe ngabasebenzi abakwikhontrakthi ngexesha besenza umsebenzi waseSU asiyoyeyesU ngokomthetho, loo nokontraka kufuneka adlulisele amalungelo akhe onke, itayitile nendima yakhe kuloo IP, kubandakanya uyilo olutsha, idizayini, amalungelo okhuliso lwetyalo, ulwazi kune nemisebenzi enelungelo

lobunini kwiSU, ukanti ukuba loo malungelo akadluliseleki kwiSU, oonokontrakta mabanike iSU amalungelo awodwa angenamiqathango okusebenzisa nokunyanelisa iIP ngokungathi yeyayo yaye unokontrakta uza kuwanikezelu onke awakhe amalungelo kwiSU. Ukuphepha ukuthandabuza, umqathango omalunga nalo mba uza kubandakanywa kuzo zonke iikhontrakthi ezibhaliwego ezenziwe nabantu abaqeshwe ngekhontrakthi.

Ngaphandle kokuba kuvunyelwene nabantu abaqeshwe ngekhontrakthi, ubudlelwane phakathi kweSU nabo bantu baqeshwe ngekhontrakthi buya kulawulwa yikhontrakthi ebhaliwego eya kudandalazisa phakathi kwezinye izinto, oku kulandelayo:

- Ukuthatha isigqibo sokunikeza nokudlulisela kwiSU amalungelo elP angafanelekanga ukuba abe ngaweSU ngokomthetho;
- Nokuqinisekisa ukuba iSU iza kuba nelungelo elilodwa lokusebenzisa nokunyanelisa loo IP ngaphandle kwemida nemiqathango okanye izithintelo;
- Ukuyeka amalungelo obulungisa kwimisebenzi enelungelo lobunini;
- Ukuthatha isigqibo sokunikeza nokudlulisela ilungelo lobunini kangangokuba ilungelo lokuqala kanye neleasayimenti elandela eyokuqala enelungelo lobunini liya kusebenza ixeshanyana elifutshane ngokomthetho elikho ngenxa yawo.

Umsebenzi ngamnye ongunokontrakta kufuneka azalise ifomu eyilnnovus TTO emalunga nelP ebekho ngexesha esenza umsebenzi wekontrakthi.

I-SU jya kubahlawula abantu abaqeshwe ngekhontrakthi kumba wengeniso efunyenwe kumalungelo elP ngohlobo olufanayo nabasebenzi abasisigxina beSU, ngokweCandelo 5 lalo Mgaqonkqubo.

### **3.1.9 ABASEBENZI ABASEBENZELA IYUNIVESITHI NEZIKO LANGAPHANDLE NGAXESHANYE**

Ubunini belP yabasebenzi abasebenzela iSU kanye nelinye iziko elingumbutho ongaphandle buya kuggitywa kulandelwa sivumelwano phakathi kweSU nalo mbutho wangaphandle, kuxhomekeke kwimithetho echaphazela eso sivumelwano, kubandakanywa naleyo yemisebenzi exhaswa ngezimali licandelo leR&D. Ngaphandle kokuba oku kubhaliwe kweso sivumelwano, yonke iIP evele ngexa umsebenzi esenza wakhe wesiqhelo weSU iya kuba yeyeSU yaye iya kuba phantsi kwale IPP.

## **3.2 ABAFUNDI**

### **3.2.1 IMIBA GABALALA**

Abafundi baseSU basebenzisa izibonelelo zeyunivesithi, benza umsebenzi wabo ngeli lixa befunda ukuze baphumelele izifundo yaye umsebenzi wabo uxhaswa ze ukhokelwe ngabasebenzi baseSU. Yonke iIP evele kumsebenzi owensiwe ngabafundi ngexesha befunda kule yunivesithi, noba loo msebenzi ufakiwe okanye awufakwanga eSU, iya kuthathwa njengokuba ibekho ngenxa yoncedo lwenkxasomali yoPhando noPhuhliso yeSU yaye ngenxa yoko iya kuba yeyeSU. Oku kuya kubandakanya ilungelo lobunini bento eyitwe ngumntu, ukhuliso lweentlobontlobo zezityalo, idizayini, iingcebiso ngorhwebo nezinye izinto ezihambelana nezi. Ukuba loo IP asiyoyeye-SU ngokwasemthethweni, abafundi baya kunika iSU loo IP. Umsebenzi lowo wenziwe emva nangenxa yokubhalisa komfundi kweli ziko. Le IP sele ikhankanyiwe inokuthi kwiimeko ezithile itshintshwe ngesivumelwano esibhaliwego esiphakathi komfundi neSU. Eso sivumelwano siya kuxhomekeka kuyo yonke imithetho echaphazelekayo, kubandakanywa naleyo ichaphazela iR&D exhaswa ngezimali ngurhulumente. Abafundi bangaya elnnovus TTO ukuya kubonisana ngemiqathango engeminye.

### **3.2.2 IMIQATHANGO YELUNGELO LOBUNINI**

- Imathiriyeli zokuNcedisa kwiZifundo**

Abafundi bayavuma ukunika iSU amalungelo abo obunini kuwo wonke umsebenzi owenziwe ngeli lixa befunda kweli ziko (kubandakanya lonke uphando olwenziwe njengenxalenye yezo zifundo) yaye ukuba loo IP ayinakudluliselwa kwiSU, iSU iza kuba nelungelo elilodwa lokusebenzisa nokunyanelisa loo IP ngaphandle kwemida nemiqathango okanye izithintelo ngokungathi yeyayo. Abafundi kananjalo bayavuma ukunikeza nokudlulisela ilungelo lobunini kangangokuba ilungelo lokuqala kunye neleasayimenti elandela eyokuqala enelungelo lobunini liya kusebenza ixeshanyana elifutshane ngokomthetho elikho ngenxa yawo. Abafundi banikeza amalungelo abo obulungisa kulo misebenzi yaye bawanika iSU. Oku kubandakanya, zonke iintetha abazenzileyo, iiasayimenti, uvavanyo, iimviwo namaphepha eemviwo, iinowutshi zeklasi, izishwankathelo, iipowusta, amaphepha, iidisetheyshini, iithisisi, izandi ezishicilelwego, iividio ezishicilelwego, iinkqubo zekhompyutha, oovimba, iidizayini nemifuziselo eyenziwe ngabafundi ngexesha besenza izifundo zabo. Kule meko, imiqathango yencwadi yonyaka yaseSU malunga nokufakwa kwezaziso zelungelo lobunini nokubhengezwa kwababhalo ababhalo imisebenzi yeyunesithi efana nedisetheyshini nethisisi, kufuneka ithotyelwe. I-SU ingathi ithathe isigqibo kwezinye iimeko ukuba inikeze ilungelo lobunini okanye inxalenyne yalo kumfundis, okanye imgunyazise ukuba ashishine ngomsebenzi wakhe. Abafundi bangathethana nelnnovus: Copyright, Trade Marks and Izifundo zethutyana Division ukucela olo gunyaziso.

Abafundi baseSU bayakhuthazwa ukuba babelane yaye baxoxe ngeenowuthsi zeklasi, nezishwankathelo, uvavanyo, amaphepha eemviwo nemathiriyeli yokufunda ebufana naleyo. Kambe ke, abafundi mabaqaphele ukuba iSU ayivumeli ukuba abafundi baseSU bahambise imathiriyeli yokufundisa ngaphandle kweziko lokufundisa eliyiSU, nokuba kungezixhobo ze-elektroniki okanye i-intanethi okanye nangayiphi na indlela, yaye akunakudluliswa iIP ngenjongo yokwenza inzuso yemali. Ukuhanjisa ngokungekho mthethweni nokusetyenziswa kwemathiriyeli yokufundisa yaseSU ngabafundi akuvumelekanga konke konke.

- Imisebenzi yobuGcisa**

Ingeniso ebekho ngenxa yezi zintlu zemisebenzi echazwe apha ngezantsi ayidli ngakubangwa yiSU, nokuba umsebenzi lowo uylwe ngexesha umfundi esenza izifundo zakhe.

- Imisebenzi yobugcisa (umz. imizobo) kodwa engabandakanyi eyokusebenza njengeedizayini (umz. iiflowutshati, imizobo yokusebenza kombane nemizobo yokudizayina)
- Uluncwadi (umz. imibongo, imihlathi okanye iincwadi), kodwa olungabandakanyi imathiriyeli yokufundisa nemisebenzi ebhaliwego esetyenziswa ekufundiseni njengoovimba kunye nemathiriyeli yokudizayina
- Umculo (uqambo), ukucula iingoma ezibhaliwego nokuzirekhoda.

Abafundi mabaqhagamshelane nelnnovus: *Copyright, Trade Marks and Short Courses Division* (okanye kwimeko yezihloko zamaphepha eyunesithi, neCandelo loPhando noPhuhliso laseSU) baqinisekise ukuba upapasho lwabo luza kuhlelwa ngolu hlobo phambi kokuba bapapashe umsebenzi wabo. Ukuba ngaba kuyavumeleka ngokwasemthethweni, naxa kwazisiwe oko yiSU, abafundi baya kunikwa ilungelo lobunini okanye lokusebenzisa imathiriyeli yaye nengeniso ibe yeyabo kuloo misebenzi

(ngaphandle kwakwimisebenzi enemiqathango yobunini apha iSU inebangalo lelungelo lobunini). Kule meko, abafundi kufuneka bathathole ingqalelo ukuba yimisebenzi enelungelo lobunini enento yokwenza nemisebenzi yokufundisa abafundi kuphela engabandakanywanga kwimiqathango yelPR Act, efunisa ukuba iNIPMO iqale inikwe ilungelo lokufumana iP kwimisebenzi exhaswa ngezimali licandelo leR&D ukuba loo IP ayibangwa yiSU. Lonke ushishino olwensiwa ngabafundi ngemisebenzi enelungelo lobunini eyiyeyabo (umz. ushishino nabapapashi) kufuneka lwenziwe ngegama labo yaye ngabo abanoxanduva lwalo ngaphandle kokuba kukho isivumelwano esikhoyo kunye nesU. Ukuba iSU iyavuma ukuba ibandakanyeke ngqo kushinino lokupapasha umsebenzi onelungelo lobunini enxalenyne yalo ileleSU, loo mfundi kufuneka avumele yaye anike iSU onke amalungelo adingekayo okuba iSU yenze umsebenzi wayo kolo shishino kumba weIP.

- **linkqubo zekhompyutha**

Abafundi kulindeleke ukuba bagcine iikopi zazo zonke iimathiriyeli zoilo nezo kucatshulwe kuzo xa kuveliswa iinkqubo zekhompyutha eveliswe ngexesha besenza izifundo zabo eSU. Abafundi kufuneka bayigcine iyimfihlo loo mathiriyeli kwakunye nemiyalelo yokusetyenziswa kwezo nkqubo zekhompyutha enokuthi iveliswe ngexesha kusenziwa uphando yaye kufuneka banikeze loo miyalelo yokusetyenziswa kwezo nkqubo kuphela kubantu abanikezwe igunya lokuyigcina apha kwiSU xa iceliwe. Imathiriyeli ekuthathwe kuyo iinkcukacha nemiyalelo yokusebenzia iinkqubo ezo eveliswe ngabo abafundi ngexesha bethabatha inxaxheba kwizifundo ingathi inikezwe mahala kubahlohli babo kunye nabanye abafundi abathatha inxaxheba kwezo zifundo.

Abafundi kufuneka bazi into yokuba, noxa iinkqubo zekhompyutha zikhuselelwe lilungelo lobunini, umtu akakuzenza zibe zezakhe yedwa, kambe ke oku kusenokungachaphazeli inkqubo yekhompyutha enengcinga engazange yeza namntu, nto leyo enokwenza ukuba loo nkqubo yekhompyutha ikwazi ukufumana ilungelo lokuba ibe yeyomntu othile kuphela. Ukuba umfundsi akaqinisekanga ngale nto, makaqhagemshane nelInnovus TTO.

Noxa iSU isenokuba nebango kubunini beenkqubo zekhompyutha ezenziwe ngabafundi bayo, iSU iya kuxhasa ukuyila nokuthatha inxaxheba ekwenziweni kweenkqubo zekhompyutha ezinokutshintsheka.

Kule meko abafundi mabaqaphele ukuba iSU idinga imvume esemthethweni yokuchazwa nokwamkelwa kweentlobo ezithile zeenkqubo zekhompyutha ezinokutshintsheka eziveliswe eSU. Abafundi abavelisa iinkqubo zekhompyutha ngexesha besenza uphando beseSU kufuneka baqale babonisane nabahloli bemisebenzi yabo phambi kokuchazela uluntu ngezo nkqubo ukuze bajonge iinkcukacha zaloo nkqubo. Abafundi abaphuhlisa imiyalelo yeenkqubo zekhompyutha ngeli lixa besafunda eyunesithi abanyanzelekanga bona ukuba babonisane nabahloli bemisebenzi yabo phambi kokuchazela uluntu ngezo nkqubo.

Ukuba abafundi basebenzia iinkqubo zekhompyutha ezinokutshintsheka uluntu, esele zikhona, ngexesha besenza izifundo zabo okanye uphando eSU kufuneka baziqhelanise nemiqathango yelayisenisi eseberza kwezo nkqubo zekhompyutha yaye bayithobe. I-Innovus TTO isenokupapasha uludwe lweelaisenisi zeenkqubo zekhompyutha ezinokutshintsheka ezinokudala umngcipheko ekuvelisweni kweenkqubo zekhompyutha eSU yaye abafundi abazimisele ukuelisa imiyalelo yokusebenzia iikhompyutha efunyenwe ngokwezo layisenisi ukulungiselela uphando abalwenza eSU, kufuneka bafumane imvume kubahloli bezifundo zabo phambi kokusebenzia loo miyalelo yeenkqubo zekhompyutha.

### **3.2.3 IMIQATHANGO YOYILO OLUTSHA, IIDIZAYINI, ABATSHINTSHI BEZITYALO NEYOLWAZI**

Abafundi baseSU bayaziswa ukuba onke amalungelo, ibango nesihloko kuwo nawuphi na umsebenzi oyiliwego omtsha, nowabo basebenza ngezityalo, idizayini, iingcebiso ngorhwebo nezinye izinto ezhambelana nezi, nokuba ziyabhaliseka okanye azibhaliseki, eziveliswe ngumfundii ngexesha esenza izifundo zakhe/uphando lwakhe eSU, ngaweuSU ngokwasemthethweni phantsi kweIPR Act yaye ukuba loo malungelo asingoweSU ngokwasemthethweni, abafundi baya kuwanika iSU. Ngaphandle kokuba kuvunyelwene ngokukokunye, oku kuya kuya kubandakanya onke amalungelo, isihloko, nawuphi na umsebenzi oyiliwego omtsha, iintlobontlobo zezityalo idizayini, iingcebiso ngorhwebo nezinye izinto ezhambelana nezi, eziveliswe ngumfundii kwicandelo lobungcali alifundelayo eSU ngeli lixa angumfundii.

Lo msebenzi kunye nodluliselo lwamalungelo luya kubandakanya onke amalungelo, isihloko, nawuphi na umsebenzi oyiliwego omtsha, iintlobontlobo zezityalo eziveliswe ngumfundii ngexesha esenza izifundo zakhe/uphando lwakhe eSU kuthathelwa ingqalelo yokuba isicelo sobunini, sedizayini okanye selungelo loveliso lwezityalo siya kwenziwa xa kupheliswe ubudlelwane bomsebenzi kunye neSU.

Lonke uyilo olutsha, amalungelo abo basebenza ngezityalo, iidizayini iingcebiso ngorhwebo nezinye izinto ezhambelana nezi eziveliswe ngumfundii ngexesha angumfundii ngalo eSU luya kuthathwa (i) ukuba lubekho ngenxa yoncedo lwenkxasomali yoPhando noPhuhliso yeSU, ngaphandle kokuba umfundii angabonisa ukuba loo IP ayixhaswanga ngezimali zeR&D yaye ayenziwanga ngeendleko ezipheleleyo ngokomhlathi 3.1.4 olapha ngezantsi, yaye (ii) ezi zinto umfundii akazenzanga ngexesha angumfundii waseSU, yaye oko akuphikise esebebenzia isivumelwano anaso, incwadi ekubhaliswa kuyo yeehambo nemisebenzi, okanye enye imathiriyeli ebunjalo yobungqina. Olo yilo lutsha, amalungelo abo basebenza ngezityalo, iidizayini iingcebiso ngorhwebo nezinye izinto ezhambelana nazo eziye zadakancwa elubala kungaphelanga iinyanga ezili12 emva kokumka eSU ziya kuthathwa njengokuba zibekho ngenxa yoncedo lwenkxasomali yoPhando noPhuhliso yeSU kwanokuba zenziwe ngeli lixa angumfundii wesiqhelo weSU, ngaphandle kokuba umfundii angabonisa ubungqina obuphikisana nobo esebebenzia isivumelwano incwadi ekubhaliswa kuyo yeehambo nemisebenzi, okanye enye imathiriyeli ebunjalo yobungqina.

### **3.2.4 IMIBUTHO YANGAPHANDLE EBONELELA NGEMALI YOKUFUNDA (NGEEBHASARI)**

Apho imibutho yangaphandle ibonelela ngeemali zokufundisa abafundi ukuba bafunde eSU, ze ifune amalungelo eIP asukela kwezo zifundo okanye kolo phando olwenziwa ngabo bafundi, loo mbutho kufuneka uthethe neCandelo loPhando noPhuhliso (lisebenzisana nelnnovus TTO) ukuze baxoxe ngokunikezwa kwalla malungelo. Abafundi abavumelekanga ukuba banikeze amalungelo ngokunokwabo kwimibutho yangaphandle. Umbutho wangaphandle kufuneka wenze isivumelwano neSU kuqala malunga nobunini kunye nokusetyenziswa kwaloo IP evele ngenxa yezifundo okanye uphando lomfundii alwenza eSU. Ezo zivumelwano kuya kufuneka zithobele imigaqo nemithetho echaphazela loo mba, kubandakanya nezinto ezinento yokwenza neR&D exhaswa ngezimali ngurhulumente. Luxanduva lomfundii ukuncedisa ekumiselweni kweso sivumelwano.

Mayithathelwe ingqalelo ngabafundi nemibutho exhasa ngezimali into yokuba, inkxasomali yokufunda ebhataletwa umfundii okanye ehlawulwa kwiSU egameni lomfundii (njengentlawulelo yendawo yokuhlala neyeemali zokufunda zomfundii) ayizihlawuli ngokuPheleleyo iiNdleko zokufunda okanye zophando zomfundii. Ezo zifundo kunye nolo

phando ziye zincediswe nangemali karhulumente, yaye ngenxa yoko, iIP ethi ivele ngenxa yezo zifundo nophando iya kuba yeyeSU ngokomthetho. Ukudlulisela okanye ukunikeza loo malungelo eIP kumntu wangaphandle akukwazeki yaye akunakusetyenziswa okanye akunakunyanzeliswa ngokwasemthethweni.

Abafundi baya kwabela iyunivesithi kwingeniso yemali abaya kuyifumana ngokushishina ngelP eveliswe ngabo ngohlobo olufanayo nolo lwabasebenzi beSU, njengoko kuchaziwe kwiCandelo 5 lalo Mgaqonkqubo ngaphandle kokuba kwensiwe isivumelwano esibhaliwego seSU naloo mfundi.

### **3.2.5 I-IP EYIYEYABAFUNDI**

Ukuba umfundu ubanga ukuba iIP yeyakhe, makeze nobungqina kuMlawuli oyiNtloko: *weInnovation and Commercialisation elnnovus TTO* bokuba loo IP ayibanga kho ngexesha esenza izifundo zakhe okanye uphando eSU. Ukuba umfundu ufunu ukushishina ngelP eyiyeyakhe, uyacetylisa ukuba aqhagamshelane nelnnovus TTO ukuze afumane iingcebiso noncedo.

### **3.2.6 IMIQATHANGO YE-IP EBIKHONA NGAPHAMBILI**

Apho umfundu ezimisele ukufaka iasayimenti okanye ithisisi (umz. yezifundo zeonazi okanye imastazi) okanye idisetheyshini (yezifundo zobugqirha) enelP ebikhona ngaphambili elungelo layo ileleziko langaphandle (enokuba yayiveliswe nguye na), loo IP wayeyivelisile ngaphambili phantsi kwesivumelwano nombutho wangaphandle (kubandakanywa awayevelise engumphangeli okanye ingcali eqeshwe liziko elithile), umfundu makayazise iSU phambi kokuba abhalisele izifundo zakhe okanye ngokukhawuleza emva kokuba eyazile. I-SU ayizi kunyanzeleka ukuba iyibandakanye loo IP. Kulo mba, funda umhlathi 3.2.1 olapha ngentla.

Umfundi kufuneka achaze ubungakanani bamalungelo ombutho wangaphandle kwilP ebikhona ngaphambili yaye kufuneka efumene imvume efunwa yiSU yokubandakanya loo IP ebikhona ngaphambili kwizinto ezingeniswa eSU. I-SU ingakhetha ukwenza isivumelwano malunga nale IP ebikhona ngaphambili enento yokwenza neasayimenti/ithisisi/idisetheyshini yomfundu Kunye nombutho wangaphandle ochaphazelekayo. Kulo mba, mayiqatshelwe into yokuba iSU iya kuba kuphela komnini welungelo lobunini leasayimenti/ithisisi/idisetheyshini engenisiweyo nokuba bekukho iIP ebikhona ngaphambili. Ngaphezu koko, iSU iya kuba kuphela komnini weIP yalo naluphi na uphuculo, okanye utshintsho kwilP ebikhona ngaphambili yomsebenzi womfundu.

Ngaphezu koko, iSU iza kudinga ilungelo lokupapasha oko kuqlathwe kwimathiriyyeli engenisiweyo ngokukhawuleza kangangoko. I-SU ingathi kwiimeko ezizodwa ivume ukumisa kancinci olo papasho kodwa nguMgaqonkqubo weYunivesithi ukungagcini iyimfihlo nayiphi asayimenti/ithisisi/idisetheyshini ngaphezu kwesithuba seminyaka emithathu. Ngaphandle kokuba kuvunyelwene ngembalelwano, iSU inelungelo lokupapasha nayiphi asayimenti/ithisisi/idisetheyshini engeniswe kuyo nangayiphi indlela ebona ifanelekile.

### **3.2.7 II-ASAYIMENTI, IDISETHEYSHINI NETHISISI**

Ngokomhlathi 3.2.2, iSU inelungelo lobunini yaye ingapapasha iasayimenti/ithisisi/idisetheyshini nangayiphi indlela ebona ifanelekile, kubandakanywa ibe yincwadi okanye ibe elektroniki. Abafundi, ingakumbi abo benza iidigri zesibini nangaphezulu, mabazigcine iiasayimenti, idisetheyshini neethisisi zabo ziyimfihlo phambi kokuba zipapashwe. Abafundi bakhuthazwa ukuba bapapashe iasayimenti/ithisisi/idisetheyshini okanye into esuka kuzo kwijenali okanye njengenxalenyen yencwadi ukuba ngaba oko kuhambelana nomgaqonkqubo wokukupapasha oko, kubandakanywa umhlathi 4.3 olapha, oxela ukuba

izinto ezintsha, iidizayini nezityalo ezitsha ezikhulisiweyo zixelwa njani kwilnnovus TTO. Abafundi mabaqale kuqala bafumane imvume ebhaliweyo esuka kwiSU phambi kokwenza olo papasho. Abafundi mabafumane imvume ebhaliweyo kumhloli womsebenzi wabo phambi kokufaka izinto zabo okanye amaphepha abo kwijenali, kwiincwadi okanye kumaphepha eenkomfa. Kwezinye iintlobo zopapasho, kubandakanywa iincwadi zokufunda zaseziyunesithi, abafundi mababonisane ne-Innovus: Copyright; Trade Marks and Izifundo zethutyana Division ukufumana imvume ebhaliweyo. Abafundi nabahloli bemisebenzi yabo mabaqinisekise ukuba zichaziwe zonke izinto ezintsha, iidizayini neentlobo ezintsha zezityalo ezikhuliswe ngabo phambi kokuba kukhutshwe upapasho ukuze ilnnovus TTO ifake isicelo samalungelo obhaliselo ilandela umthetho ilPR Act.

Kumanqaku akwijenali ezisesikweni okanye afakwe kumaphepha eenkomfa amkelwe ngolo hlobo yISU, abafundi mabachaze ukuba uphando lwenziwe eSU. I-SU isenokutsho ukuba loo nkcazelو mayibhalwe njani na.

I-SU ingathi ngokwaMacandelo 5 no6 ale IPP, ishishine ngomsebenzi womntu, ngelungelo lesityalo esikhulisiweyo nangedizayini yomntu nezinto ezhambelana noko ezivela kwiasayimenti/ithisisi/idisetheyshini yomfundi.

### **3.2.8 AMALUNGELO KARHULUMENTE**

Abafundi mabawathathele ingqalelo kananjalo amalungelo oRhulumente woMzantsi Afrika kuyo yonke imisebenzi exhaswa ngezimali licandelo leR&D kwilPR Act nakwiMiqathango. Le miqathango nale mithetho ayisebenzi kwimisebenzi enelungelo lobunini bomsebenzi wokuhlohl nowabahlohl okanye kwIP ukuba iNdleko eziPheleleyo (njengoko kuchaziwe kwICandelo 1 lale IPP) zihiawulwa ngumntu wangaphandle okanye iziko langaphandle. I-Innovus TTO iya kuncedisa abafundi ekujongeni ukuba ingaba lo miqathango nalo mithetho iyasebenza na kuphando lwabo kodwa abafundi mabavele bacingele ukuba inokuba iyasebenza de ilnnovus TTO ithi oko akunjalo.

I-SU kufuneka imana inika ingxelo kwiNIPMO ngomba weIP eveliswe ngabasebenzi baseSU nabafundi, ukanti xa oku kungenzeki, iNIPMO inganyanzela ukuba kudluliselwe iP engaxelwanga kuyo. Abafundi nemibutho yangaphandle ebandakanyeka kwikontraka zophando kufuneka bavume ukuba iP iza kuxelwa. I-NIPMO inyanzelekile ngokwasemthethweni ukuba ibe nazo ezo nkukacha kodwa izigcine ziyimfihlo.

I-NIPMO, ngokubanzi, inalo nelungelo lokuthatha inyathelo lokuqala ukufumana iP esuka kwimisebenzi exhaswa ngezimali licandelo leR&D xa iSU isala ukuthatha elo bango okanye ifune ukhuselo olusemthethweni lwalo IP. Kuphela kuxa iNIPMO isala ukuba nebango kuloo IP aphi iSU inokuniyeza, okokuqala, nawuphi umbutho wangaphandle ochaphazelekayo, okwesibini umsebenzi ochaphazelekayo ithuba lokufumana loo IP. Kwakhona, akusebenzi oku kumsebenzi weR&D xa umbutho wangaphandle uhlawule Zonke iNdleko zemisebenzi enelungelo lobunini enento yokwenza nomsebenzi wesiqhelo owenziwa eyunesithi.

### **3.3 OOMPONDOZIHLANJIWE BABAPHANDI NABAHLOHLI KUNYE NABO ABENZA IZIFUNDO EZINGAPHAYA KWEZOBUGQIRHA**

Imiqathango yomhlathi 3.1 walo Mgaqonkqubo emalunga nabasebenzi beYunivesithi iya kusebenza ngokufanayo nakubaphandi asele bedlulile kwizifundo zobugqirha kunye nabo sele kulithuba bengabaphandi kunye nakubahlohl abazimasa izifundo eSU kumba weIP eveliswe ngexesha besenza uphando beseSU ngaphandle kokuba kwensiwe isivumelwano esingesinye. Abaphandi asele bedlulile kwizifundo zobugqirha kunye nabo sele kulithuba bengabaphandi nabahlohl kuza kufuneka bathobebe imiqathango yalo mgaqonkqubo. Bayavuma ukuba, ukuba kuthe ngexesha belapha eSU, besenza nayiphi na iprojekthi yophando yaseSU enokukhokelela ekuvelisweni kweIP,

loo IP iya kuba yeysu ukuba iIP yeyomsebenzi weR&D oxhaswa ngezimali ngurhulumente. Ukuba loo IP asiyoyesu ngokomthetho, abaphandi abenza izifundo ezingaphaya kwezobugqirha nabo sele kulithuba bengabaphandi nabahlohli bayavuma ukuba banikezele ngaloo IP kwiSU yaye ukuba loo malungelo ukuba loo akakwazeki ukudluliselwa kwiSU, iSU iza kuba nelungelo elilodwa lokusebenzisa nokunyanzelisa loo IP ngaphandle kwemida nemiqathango okanye izithintelo ngokungathi yeyayo. Abaphandi asele bedlulile kwizifundo zobugqirha kunye nabo sele kulithuba bengabaphandi nabahlohli bayavuma kananjalo ukunikeza ngalo naliphi ilungelo lobunini elibandakanyeka kuloo IP kangangokuba ilungelo lokuqala kunye neleasayimenti elandela eyokuqala enelungelo lobunini liya kusebenza ixeshanya elifutshane ngokomthetho elikho ngenxa yawo.

I-SU ibanga iIP yabaphandi abenza izifundo ezingaphaya kwezobugqirha nabo sele kulithuba bengabaphandi neyabahlohli esuke okanye eveliswe ngeli xesha besenza umsebenzi beseSU okanye kwixeshana emva koko kodwa isukela kuleyo IP okanye kwiIP abayinikwe yiSU ngexesha lotyelelo lwabo. I-SU iya kubabuyekeza abaphandi abenza izifundo ezingaphaya kwezobugqirha nabo sele kulithuba bengabaphandi nabahlohli kwingeniso esuka kumalungelo eIP ngohlobo olufanayo nolo lwabasebenzi beSU, ngokweCandelo 5 lalo Mgaqonkqubo.

### **3.4 ABAPHANDI NABAHLOHLI ABAZINDWENDWE ZEYUNIVESITHI**

Abaphandi nabahlohli abazindwendwe, kungafuneka ukuba phambi kotelelo lwabo, bathathe isifungo sokuba zonke iinkukacha eziyimfihlo abaya kudibana nazo ngexesha betyelele iSU baya kuzigcina ziymfihlo, yaye baya kuzisebenzisa kuphela kwimiba abavunyelwe yiSU ukuba bazisebenzise kuyo.

Abahlohli abazindwendwe kufuneka bamkele ukuba yonke imathiriyeli yokufundisa abayinikiweyo yabafundi baseSU, kubandakanywa iimathiriyeli yokufundisa, iinowutshi zeklasi, uvavanyo, iimviwo namaphepha eemviwo, ingaphinde iveliswe yaye ihanjiswe yiSU kubo bonke abasebenzi nabafundi ababandakanyeka kwezo zifundo zichaphazelekayo nakwabo bangomabhalane, nabanikeza izatifikethi zempumelelo nabo banomsebenzi wokubeka iliso kweso sifundo. Abahlohli abazindwendwe kusenokufuneka ukuba banikeze ngekopi yaloo mathiriyeli yokufundisa kubasebenzi baseSU abanoxanduva lokubeka iliso kweso sifundo.

Abaphandi abazindwendwe bayamkela ukuba yonke iIP evele ngexa besenza uphando eSU yeysu. Ukuba umphandi olundwendwe uyavuma ukuba yinxalenye yeprojekthi yophando yaseSU, loo mphandi olundwendwe uyavuma ukunikeza ngaloo IP athe waba negalelo kuyo ngexesha esenza uphando kwiSU.

I-SU iya kubahlawula abaphandi abazindwendwe kwingeniso yelP ababe negalelo kuyo ngohlobo olufanayo nolo lwabasebenzi beSU, ngokweCandelo 5 lalo Mgaqonkqubo.

### **3.5 IMIBUTHO YANGAPHANDLE**

Ukubonelela ngenkxasomali yokufunda okanye ibhasari kubafundi okanye yophando ngumbutho wangaphandle akuthethi ukuba loo mbutho unebango kumalungelo eIP avele ngenxa yaloo nkxasomali. Amalungelo eIP asuka kuyo yonke iR&D exhaswa ngezimali ngurhulumente, kunye nophando oluyinxalenye oluxhaswa yimibutho yangaphandle, aya kuba ngaweSU, ngaphandle kwaxa iIP yensiwa kunye nabaphandi bombutho wangaphandle, aphi iIP iya kuba yeysala maziko omabini.

Ukuba ngaba umbutho wangaphandle unqwenela ukufumana amalungelo eIP okanye isabelo kushishino lweIP efunyenwe ngomsebenzi owenziwe eSU, kufuneka wenze isivumelwano sekhontrakthi neSU yaye oko kuya kujongwa ngokomhlathi 3.1.4. Zonke iikhontrakthi ezinento yokwenza naloo IP, kubandakanywa iikhontrakthi zophando, kufuneka zibhalwe phantsi yaye zibe

phakathi kombutho wangaphandle kune neSU, yaye kufuneka zamkelwe ngumntu otyunjiweyo yiSU ngokwemigaqonkqubo yayo. Kweso sivumelwano, kuya kucacisa ulwabiwo lobunini nolwamalungelo okusebenzisa loo IP kune nokwahlulwa kwengeniso. Ezo zivumelwano kuya kufuneka zithobele imigaqo nemithetho echaphazela loo mba, kubandakanya nezinto ezineto yokwenza neR&D exhaswa ngezimali ngurhulumente kune neMiqathango yelPR Act. Buya kujongwa ubungakanani begalelo lombutho wangaphandle xa kusenziwa isigqibo ngokukwazi kweSU ukunikeza ilungelo leIP kuloo mbutho wangaphandle. Elo galelo liya kubandakanya nemali umbutho lowo oyifake kuphando, izinto okanye izixhobo obonelele ngazo, igalelo layo kwilP ebikhona ngaphambili nenxaxheba kuphando noshishino ngalo. Imibutho yangaphandle mayithatthele ingqalelo amalungelo oRhulumente woMzantsi Afrika kumba welP esuka kwimisebenzi exhaswa ngezimali licandelo leR&D equlethwe kwilPR Act nakwiMiqathango. I-SU kufuneka ithobele le miqathango nale mithetho. Le miqathango nale mithetho ayisebenzi kwimisebenzi enelungelo lobunini bomsebenzi wokuhlohl nowabahlohl okanye kwilP ngenxa yeR&D ukuba iiNdleko eziPheleleyo zihlawulwa ngumntu wangaphandle okanye iziko langaphandle. I-Innovus TTO iya kuncedisa abasebenzi ekujongeni ukuba ingaba lo miqathango nalo mithetho iyasebenza na kwiR&D, kodwa abaphandi mabavele bacingele ukuba inokuba iyasebenza de iprojekthi leyo yeR&D iqinisekiswe ngumntu otyunjiweyo yiSU ukuba ithobela umgaqo oyiPolicy for the Costing and Pricing of Research and Research Related Contracts weSU.

Ngokwesi sikhokelo somthetho, iSU kufuneka imana inika ingxelo kwiNIPMO ngomba welP ovele oxhaswa ngezimali licandelo leR&D oyilwe ngabasebenzi nabafundi. Ukuba oku akwenzeki, iNIPMO inganyanzelisa ukuba kudluliselwe iP engaxelwanga kuyo. Imibutho yangaphandle ebandakanyeka kwikontraka zophando kufuneka ivume ukuba iP iza kuxelwa. I-NIPMO inyanzelekile ngokwasemthethweni ukuba ibe nazo ezo nkcukacha kodwa izigcine ziymfhlo.

I-NIPMO, ngokubanzi, inalo nelungelo lokuthatha inyathelo lokuqala ukufumana iP esuka kwimisebenzi exhaswa ngezimali licandelo leR&D xa iSU isala ukuthatha elo bango okanye ifune ukhuselo olusemthethweni lwalo IP. Kuphela kuxa iNIPMO isala ukuba nebango kuloo IP apho iSU inokunikeza, kuqala, nawuphi umbutho wangaphandle ochaphazelekayo, okwesibini umsebenzi ochaphazelekayo ithuba lokufumana loo IP. Kwakhona, oku akusebenzi kwiR&D xa umbutho wangaphandle uhlawule Zonke iiNdleko zemisebenzi enelungelo lobunini enento yokwenza nomsebenzi wesiqhelo owenziwa eyunivesithi.

### 3.6 IIIMP AWU ZEZIKO

i-SU ingumnini weempawu zeziko ezibhalisiweyo nezingabhaliswanga yaye amalungelo onke eempawu zeziko ngawayo kubandakanya naziphi na iilogo, igama, imbasa, izishunkulelo zamagama okanye iiimpawu ezinjalo ezineto yokwenza neSU. Ezi zibankanya, amagama athi, Matie, Matieland and Coetzenburg, imibala yeziko, amagama neelogo ezenziwe ngamasebe, abaziko amaqqumrhu okanye iiyunithi kune neSU kune namagama eendawo zayo neempawu zeintanethi yayo. Isilogeni esithi *Forward together / Sonke siya phambili / Saam vorentoe sikwaluphawu lwezikolwaseSU* yaye amalungelo aso ngawaseSU.

Le IPP ayisebenzi ekusetyenzisweni kophawu lwezikolwaseSU. Ukusetyenziswa kolu phawu lwezikolwawula ngumgaqo oyi-Policy in Respect of the Use and Licensing of Stellenbosch University Trade Marks neBrand Identity Manual yaseSU. Xa kusetyenziswa olu phawu lwezikolwawula ngabasebenzi, okanye abafundi, abaphandi asele bedlulile kwizifundo zobuggirha kune nabo sele kulithuba bengabaphandi nabahlohl nabaphandi/abahlohl abazindwendwe ngexesha besenza umsebenzi wabo okanye izifundo zabo, kufuneka bathobele imiqathango esebeza kuloo mba (umz. kwii-letterheads) njengoko kuchaziwe kumgaqo oyiPolicy in Respect of the Use and Licensing of Stellenbosch University Trade Marks neBrand Identity Manual waseSU. Akuvumelekanga konke konke ukusetyenziswa kophawu lwezikolwaseSU xa lusetyenziselwa umsebenzi wabucala okanye inzuso ngabasebenzi, abafundi, abaphandi asele bedlulile kwizifundo zobuggirha kune nabo sele kulithuba bengabaphandi nabahlohl nabaphandi/abahlohl abazindwendwe okanye uluntu.

I-SU inganikeza ilayisenisi ngokusetyenziswa kwegama okanye kophawu lweziko olubhalisiweyo kumahlakani ayo oshishino. Kambe ukuba umsebenzi, umfundi, umphandi osele edlulile kwizifundo zobugqirha kunye nabo sele kulithuba bengabaphandi nabahlohl nabaphandi/abahlohl abazindwendwe, bafuna ukusebenzisa uphawu lweziko lwaseSU bengalandeli imiqathango ye-*Policy in Respect of the Use and Licensing of Stellenbosch University Trade Marks*, kufuneka bafake isicelo kwilnnovus: Copyright; Trade Marks and Izifundo zethutyana Division ukuze bafumene isigunyaziso. Ukusetyenziswa kophawu ngumntu ofake isicelo sesigunyaziso, kuya kuhamba nemiqathango enikezwe yiSU kweso sigunyaziso.

## **ICANDELO 4: IINKQUBO ZOKUKHUSELA NOKUSHISHINA NGOMBONO OKANYE NGEMVELISO YOBUNGQONDI (IP)**

### **4.1 UKUCHONGWA KWE-IP**

Ukukhuselwa kweIP yaseSU kuluxanduva lwelInnovus TTO. Ukuncedisa ilnnovus TTO ukuba yenze lo msebenzi, bonke abaphathi, abasebenzi nabafundi kufuneka basebenzisane yaye bancede ilnnovus TTO ekuchongeni nasekukhuseleni iIP eveliswe ngexesha umntu esenza umsebenzi waseSU. Ukusetyenziswa kwaloo IP, okulandela iinkqubo zelnnovus TTO, kwenziwa ngobanjiswano nabo bathe baneGalelo kuyo ukuze kuzuze iSU, abasebenzi bayo nabafundi. I-Innovus TTO inoxanduva lwezi nkonzonzi zilandelayo malunga nokusetyenziswa kwemibono yoluntu neemveliso ezintsha, iintloblo zezityalo, iidizayini nengqiqo zoshishino kunye nenye i-IP eveliswe ngabasebenzi nabafundi:

- uphando lweteknoloji lokufumanisa ukuba ingaba iIP inokukhuselwa na
- ukuqikelela ixabiso layo loshishino
- ukuphanda izinto ezinokwenziwa ukushishina nokulayisenisa ngayo
- ukuthatha amanyathelo obhaliso aphi oko kufanele ukuba kube njalo
- uhlelo lwemarike yokuqala, ukunceda ukumisela isicwangciso soshishino, uphando lwezinto ezinokwenziwa (nokuba oko kwenziwa ngokunikezwa kwelaisenisi, ukuthengiswa kwamalungelo okanye ngomiselo tweekampani ezingamahlumela enkampani engundoqo)
- ukuphanda imithombo yenkasomali, ukwenziwa kobuhlakani nokufumana abathengi
- ukubonisana ngeekhontrakthi zoshishino kunye namahlakani oshishino
- ukhuselo, ukubeka iliso nokubonelela ngenkxaso eqhubekayo yelP emva kwasivumelwano sekhontrakthi Nehlakani.
- ukulawula ubudlelwane namahlakani oshishino kunye nengeniso eyenzeka ngenxa yoshishino
- ukusebensana nokunikeza ingxelo kwiNIPMO nokufumana imvume yeNIPMO xa oko kuyimfuneko
- ukufumana imvume yeBhanki enguVimba (*Bhanki enguVimba*), eyeSebe eliHlola iziMali kunye / okanye iKomishoni eLawula uRhwebo lweHlabathi aphi oko kuyimfuneko.

Kwiimeko ezithile, ilnnovus TTO isenokudinga ukusebenzisa enye inkampani ukuncedisa kolu xanduva lungentla. Ezinye zeendaleko zokwenza lo msebenzi zingafunyanwa kwingeniso yokusetyenziswa kweIP ngokwemiqathango exelwe kumhlathi 6.1 wale IPP okanye, aphi oko kuyimfuneko, kwiNgxowamali yeNkxaso yePropati eyiMveliso yoBungqondi emiselwe ngokweIPR Act xa oko kwamkelwe yiNIPMO. Ukuba iSU ayizuzi kuloo ngeniso, umsebenzi kunye/okanye umfundi ochaphazelekayo nguye oya kuhlawula ezo ndleko.

Kudla ngokulindeleka ukuba abasebenzi kunye/okanye abafundi abachaphazelekayo ukuba bathathe inxaxheba kwinkqubo yoshishino ngokwesicelo selnnovus TTO. Abasebenzi nabafundi abavuma ukuba yinxalenye yoshishino baye basebenzisane neSU kunye nelnnovus TTO kulo mba, kubandakanywa ukuya nokutyelela iindawo zoshishino ukuya kusombulula imiba ebekhona ngenxa yelP kunye/okanye izinto ezingezinye ezithe zavela ngenxa yokushishina ngayo

Ukuba umsebenzi okanye umfundi uya kwilnnovus TTO ephethe isiphakamiso soshishino sengqiqo ethile yokushishina, okanye iIP eveliswe nguye, ilnnovus TTO iya kuphanda izinto ezinokwenziwa ngaloo IP isebezensana nomntu lowo. Ukuba iSU, isebezensa ilnnovus TTO, igqiba kwelokuba ingabandakanyeki kushishino ngelP, umntu ochaphazelekayo uvumelekile ukuba aqhubeke ngengqiqo leyo okanye ngelP leyo esenzela yena (inzuso okanye ilahleko). I-Innovus TTO ingamncedisa loo mntu ze imhlawulise ngokweendleko zemarike.

Ukuba umsebenzi okanye umfundi uya kwilnnovus TTO ephethe isiphakamiso sokusetyenziswa kwelP eveliswe nguye okanye wazisa ilnnovus TTO ngelP eyiyeyeSU, ilnnovus TTO iya kuthi isebeznisana nomsebenzi okanye umfundi ochaphazelekayo, iphande ngezinto ezinokwenziwa ngaloo IP. I-Innovus TTO iya kulwenza iluggibe olo phando kwisithuba seenyanga ezintandathu ize ngalo lonke elo xesha ibonisane nomsebenzi okanye umfundi, ze emva koko ilnnovus TTO yazise umsebenzi okanye umfundi ochaphazelekayo ngembalelwano ukuba ingaba iza kuqhubeka okanye ayiqhubeki nokuba yinxalenye yoshishino ngaloo IP.

Isigqibo sokushishina ngelP yeSU siya kuthathwa kulandelwa isikhokelo semigaqo nemithetho echaphazelekayo, kubandakanya wa izikhokelo ezichaphazelekayo ezipapashwe yiNIPMO amaxesha ngamaxesa, yaye uyakwazisa umntu ochaphazelekayo. Ukuba ilnnovus TTO igqiba ekubeni ingalandeeli umba wokushishina ngelP exhaswe ngezimali yiyunivesithi le, kuya kufuneka yazise iNIPMO ngeso sigqibo yaye ke iNIPMO ingayiyo elandelela loo IP. I-SU nomntu ovelise loo IP baya kuthi kuloo meko injalo bavumeleke ukuba bayisebenzise ukwenza olunye uphando okanye kumsebenzi wokufundisa.

Xa ilnnovus TTO igqiba ekubeni ingalandeeli umba wokushishina ngelP eyiyeyeSU, umfundi okanye umsebenzi ochaphazelekayo angathi afake isicelo kwilnnovus TTO ukuba agunyaziswe ukuba aqhubeke nokusebenza ngelP leyo ngokunokwakhe. I-Innovus TTO ingamncedisa umntu lowo ze imhlawulise ngokweendleko zemarike. Abasebenzi nabafundi mabaqaphelle ukuba ilnnovus TTO iya kulandela isikhokelo semigaqo nemithetho echaphazelekayo ekuthatheni isigqibo sokuba ilinike na elo gunya okanye ingalinikezi, kusenokufuneka \*-ukuba idlulisele loo IP ukuba isetyenziswe yiNIPMO kunye/okanye elinye iziko elibandakanyeka kwinkxasomali yeR&D ethe yanegalelo kubukho baloo IP phambi kokuba inikeze loo IP kumsebenzi okanye umfundi ochaphazelekayo. Kuya kuxhomekeka kumalungelo karhulumente xa oko kunento yokwenza nelP ebekho ngenxa yenkxasomali karhulumente yeR&D, kubandakanya wa ilungelo layo lokusebenzisa loo IP kwimiba yezempilo, ukhuselko nezidingo zikaxakeka zoMzantsi Afrika nokuphelisa ilungelo elilodwa kunye/okanye unikezo lweelaisenisi ezisisinyanzelo ezinento yokwenza naloo IP engasetyenziselwa ushishino njengoko kusenziwa njalo xa inikezwa iNIPMO ngokomthetho ochaphazelekayo.

## **4.2 AMALUNGELO ABHALISEKAYO OYILO OLUTSHA, IIDIZAYINI, NAWABAVELISI BEZITYALO**

Kukho imiqathango ebalulekileyo ekufuneka ithotyelwe ekufumaneni ilungelo lobunini, ledizayini okanye loveliso lwezityalo yaye nawuphi na umvelisi welP kufuneka xa ediza ilungelo lobunini bemveliso yakhe kwilnnovus TTO athathele ingqalelo into eyaziwayo kwelo candelo leteknoloji enento yokwenza nolo yilo, loo dizayini okanye olo veliso lwezityalo (ubungqina bokwaziwa). Ubungqina bokwaziwa bubandakanya naluphi udizo, noba lwalwenziwe njani, olungeyomfihlo, olubandakanya upapasho nosetyenziso lweemveliso ezibufana naleyo. iinkqubo ezibunjalo ezikhe zasetyenziswa kwicandelo elichaphazelekayo. Phambi kokuchazwa kwelungelo loyilo olo lwedizayini okanye loveliso lwezityalo, kufanele kufunyanwe imvume kuSihlalo weSebe kunye/okanye iDean echaphazelekayo ngezinto ekufuneka zichaziwe kwilnnovus TTO. Abafundi nabasebenzi kufuneka baqinisekise ngalo lonke ixesha ukuba uyilo olutsha, iintlobo zezityalo needizayini zigcinwa ziyimfihlo nanjengoko upapasho olwensiwe phambi kwexesha lungatshabalalisa amathuba okufumana ilungelo lobunini kunye nobhalio okanye ukhuselko lwedizayini yesityalo esitsha. Ukuba kukho umntu ekufuneka aziswe phambi kwexesha, kufuneka oko kuxelwelwe ilnnovus TTO ngoko nangoko.

Kusenokubakho iintlobo ezahlukileyo zokhuselko lwelP yaye ilnnovus TTO iya kuthathela ingqalelo olo dizo ze icebise ngolona khuseleko lufanelekileyo.

## **4.3 UKUDIZWA KWE-IP**

Ukuze kukwazi ukuba kuchongwe ze kushishinwe ngelP entsha, kufuneka kwaziswe ilnnovus TTO ngokukhawuleza kangangoko (zingaphelanga iintsuku ezingama90 emva komiselo lwayo) ukuxelwe ukuba ilP ivelisiwe okanye ingqiqo yoshishino enokuthi ikhokelele kushishino ngayo ivelisiwe. Olo dizo kufuneka lwensiwe ngokuthi kuzaliswe iFomu yokuChaza ngeMveliso eNtsha (*Innovation Disclosure Form*) efumaneka elnnovus TTO.

I-IP edaleke emva kokusetyenziswa kwenkxasomali yoluntu engaxelwanga kwiNIPMO ingabangwa yiNIPMO ilandela imiqathango yelPR Act. Kubalulekile ke ngoko ukuba nayiphi na ilP eyenziwe eSU ixelwe elnnovus TTO ukwenzela ukuba i-Innovus TTO iyixele kwiNIPMO ze ijonge nokuba ilP leyo kungashishinwa na ngayo. E-SU, iikhontrakthi zophando zilawulwa liCandelo loPhando noPhuhliso elithi lisebenzisane ne-Innovus TTO. Emva kokuxelwa kwelP, i-Innovus TTO inoxanduva lokuthatha amanyathelo okuhlolola into enokwenziwa ngayo, ukhuselo lwayo nokusebenza ngayo ngokohlobo ekuchazwe ngalo kumhlathi 4.1 olapha ngentla.

Bonke abaphandi kufuneka bagcine iirekhodi ezipheleleyo ezixhasa imvelaphi yombono omtsha nanjengoko ubungqina bokuxhasa budingeka xa kusenziwa isicelo sokhuselo lweIP olusesikwensi. Imathiriyeli emayigcinwe kakuhle ibandakanya yonke imathiriyeli yophando neziphumo, imathiriyeli yokudizayina kunye nemiyalelo yokusebenza kwenkqubo entsha yekhompyutha.

I-IP entsha kufuneka igcinwe iyimfihlo yaye ingaxeletwa uluntu de ibe ikhuselwe. Kwezinye iimeko, kunokudingeka ukuba kuqale kufunyanwe imvume kwiNIPMO phambi kokugunyaziswa kokuba ixelelwe uluntu. I-Innovus TTO iya kuzama ngako konke ukuqinisekisa ukuba isithuba sokungadizwa kwelP asibi side kakhulu. Abaphandi kunye nelnnovus TTO mabathathe onke amanyathelo ukuqinisekisa ukuba azidizwa iinkcukacha zolwazi nemathiriyeli enento yokwenza nelP entsha (kubandakanywa imveliso entsha, uyilo olutsha kunye/okanye iintlobo ezintsha zezityalo).

#### **4.4 UKUBHALISWA KWELUNGELO LOBUNINI, LEDIZAYINI OKANYE LOVELISO LWEZITYALO**

I-Innovus TTO yiyo eqqiba ngohlolo lokhuseleko olufanelekileyo lweIP inkqubo yokwenziwa kwayo kwakunye nokugcinwa kwayo, ilandela imiqathango yelPR Act and Regulations (kubandakanywa nayiphi imigqaliselo enokumana ikhutshwa yiNIPMO amaxesha ngamaxesh). lindleko zomiselo, zokwenziwa nezokumenteyina ilP ebhalisiweyo zikhutshwa yiSU, ngaphandle kokuba kukho esinye isivumelwano esenziwe nalowo ube neGalelo kwilP.

Kwiimeko apho ilnnovus TTO igqiba kwelokuba ingafuni khuseleko lusesikwensi lweIP enokubhaliswa ebekho ngenxa yenkxasomali yeziko yeR&D, ilnnovus TTO iyanyaneliswa ngumthetho ukuba yazise iNIPMO ngeso sigqibo ze inike nezizathu zoko. Kuloo meko iNIPMO isenokukhetha ukuba ithathe ubunini baloo IP okanye inyanelise ukuba ilP leyo inikwe elinye iqela ze ibe yevalo. Ukuba akukho mntu ubange ubunini baloo IP, ilnnovus TTO iya kuthi, xa kukho umbutho wabucala otte waxhasa ngezimali upuhhliso lwalo IP, inike loo mbutho igunya lokubanga loo IP nokufumana ukhuseleko lwanmalungelo ayo. Ukuba akukho mbutho unjalo, okanye loo mbutho awufumani malungelo elP, lowo okanye abo bathe banegalelo kuloo IP baya kunikwa ilungelo lokuba bayithathe ibe yevalo loo IP kananjalo baqhubeke nokuyimisela, bayimenteyine yaye barhwebe ngayo ukuze inzuso ingene kubo. Ngaphandle kwegunya leSU, elinikezwia ilnnovus TTO, akukho msebenzi okanye mfundi onokuqhubeke ngokwakhe aye kwiggwetha lamlungelo eemveliso zabantu, ukuba aye kubhalisa ilP ebekho ngomsebenzi okanye izifundo ezenziwe eSU.

I-Innovus TTO iya kuggiba ngommandla eya kukhuselwa kuwo ilP ebhalisekayo. Ukuba lowo okanye abo bathe banegalelo kuloo IP bakholelwua ukuba ilungelo leIP ebhalisekayo kufuneka libhaliswe nakwamanyi amazwe, oko kuya kwensiwa ngogunyaziso lweInnovus TTO. Iyaqondwa into yokuba, abo bathe banegalelo kuloo IP bangacelwa ukuba bahlawulwe ezinye iindleko okanye zonke iindleko zokwenziwa kwezo zicelo. Ukuba abo bathe banegalelo kuloo IP bakulungele ukuhlawa iindleko zolo bhaliso, bangathethathethana nelnnovus TTO ukuze bafumane isabelo esithe xhaxhe

kuloo mimandla yongeziweyo ekuya kuthi kwabelwane ngayo ngokwesivumelwano, hayi ngokwemiqathango ekwiCandelo 6 lale IPP.

#### 4.5 INKQUBO YEKHOMPYUTHA

Ukhuseleko lwelungelo lobunini lusebenza kwinkqubo yekhompyutha, kodwa ubhaliso lwelungelo lobunini luyenzeka nakwezinye iimeko apho ukuseleko lungelolweNkqubo yeKhompyutha, olunokubandakanya ukusebenza kwayo, neendlela zokusebenzisa inkqubo yekhompyutha. limveliso ezinokubhaliswa ezibandakanya inkqubo yekhompyutha ziya kulandela imiqathango ekwiCandelo 4.

Ukunikezwa kwelungelo lobunini kwinkqubo yekhompyutha kucaciswe kwiCandelo 3, imihlathi 3.1.2 no-3.2.2. Abasebenzi beKhontrakthi bona kufuneka babe nobulumko kumba wenkqubo yekhompyutha abayivelise xa besenza umsebenzi wabo. Abasebenzi abasisigxina kunye nabasebenzi bekhontrakthi, xa kuphela ikhontrakthi yabo okanye umsebenzi wabo eSU, abavumelekanga ukuba basebenzise, bahambise, bavelise kwakhona, basuse okanye bathathe ikopi yayo nayiphi inkqubo yekhompyutha eyenziwe ngexesha besenza umsebenzi wabo waseSU, kunye nayo yonke imathiriyyeli ehambelana naloo msebenzi, nokuba ibhaliwe okanye i-elektroniki okanye yenziwe nangayiphi na indlela, ngaphandle kokuba oko kugunyaziswe yiSU yaye baza kunikeza ngekopi yaloo nkqubo yekhompyutha nemathiriyyeli ehambelana nayo kumtu oseSU obengumphathi wakhe phambi kokuba ahambe. Ngaphezu koko, umphangeli makagcine iziquilatho, ubume nesistimu yenqubo yekhompyutha iyimfhlo ngawo onke amaxesha ngeli lixa aqeshwe yiSU nasemva koko, ngaphandle kokuba ukudiza oko kugunyaziswe ngokucacileyo yiSU.

Abasebenzi nabafundi bangathi bakhethe ukuzipapashela iinkqubo abaziyle ngokwabo okanye eziyilwe phantsi kweliso labo besebenzisa ilayisenisi yeenkqubo zekhompyutha ezikwazi ukutshintsheka ngaphandle kwezi ntlobo zilandelayo zeenkqubo zekhompyutha.

- Uluhlu 1: linkqubo zekhompyutha apha kudingeka imvume yeNIPMO phambi kokuba iinkqubo ezo zipapashwe,
- Uluhlu 2: linkqubo zekhompyutha ezinelungelo elingenakuthintwa okanye nayiphi iIP ekuhuselweyo ekubhekiswe kuyo kumhlathi 4.2 apha ngezantsi, kunye
- Noluhi 3: linkqubo zekhompyutha ekunokushishinwa ngazo nezinokwenza ingeniso emandla.

KuLuhlu 1: imvume yeNIPMO ifunelwa ukuba kwaziswe uluntu ngeenkqubo zekhompyutha ezibekho ngenxa yophando olulandela inkqubo ethile okanye eziveliswe emva kokwenziwa kofuziselo oluthile apha isiphumo solo phando singaziwa okanye kungaqinisekwanga ngaso njengakwezi meko zilandelayo:

- Ukuveliswa kwenkqubo entsha yokusebenza okanye isigama esitsha sokusebenzisa loo nkqubo
- Ukuyilwa nokumiselwa kwe-enjini yokuphanda entsha esekelwe kwitekholozi ebikhe yakhona ngaphambil
- Ukusonjululwa kwengxubakaxaka ekwizixhobo zekhompyutha okanye ekwiinkqubo zekhompyutha ngokuthi kujikajikwe inkqubo eseles ikhona okanye uthungelwano olukhoyo
- Ukuyilwa *kwealgorithm* entsha nesebenzayo esekelezelwe kwiqhinga elitsha (ukutsho oko, iqhinga ebelingaziwa ngaphambil nelinge kapapashiwa)
- Ukuyilwa kwekhowudi yokufihla iinkcukacha okanye kwecebo lokhuselo

linkqubo zekhompyutha ezipantsi kweZintlu 1, 2 okanye 3 kufuneka zichazwe kwiInnovus TTO ngendlela ebekiweyo phambi kokuba zibhengezwe kuluntu yaye umphangeli kufuneka avumelan

nelInnovus TTO ngendlela eza kubhengezwa ngayo loo nkqubo. Oko kudiza kufuneka kwensiwe kwilnnovus TTO, kusetyenziswa iFomu yokuChaza ngeMveliso eNtsha. Inkqubo yekhompyutha eyenzelwe intathonxaxheba okanye ukubonisa okuthile xa umntu efundisa eklasini ayidangi kuchazwa kwilnnovus TTO ngaphandle kokuba loo nkqubo yekhompyutha isenokusetyenziselwa ezinye iinjongo. Qaphela ukuba ubunini belP kwiinkqubo yekhompyutha buza kuhlala ibobeSU nokuba abudizwanga.

Umyalelo wendlela yokusebenzisa inkqubo yekhompyutha eyensiwe eSU mawunikwe iSU ngokwemiyalelo yomhloli wabafundi okanye umphathi wabasebenzi obeke iliso kupuhliso lwayo, kulandelwe neMiqathango yoLawulo looVimba boPhando baseSU xa kuggityiwe ukuveliswa kwenkqubo yekhompyutha, ukanti xa kusaqhutyekwa, makwensiwe oko kwisigaba ngasinye esigqityiwego. Kuzo zonke ezi meko, yonke imathiriye evelisiwego nayo yonke imiyalelo yendlela yokusebenzisa inkqubo nganye yekhompyutha evelisiwego enelayisenisi yaseSU mayithi xa igqityiwe okanye xa umntu eyeka ukusebenza okanye ukufunda eSU, isiwe elInnovus TTO okanye inikwe umntu ekufanelwe ukuba idluliselwe kuye ngokwemiyalelo yelInnovus TTO.

#### 4.6 UNIKEZO NOKULAYISENISWA KWE-IP

I-SU, isebeenzisa ilnnovus TTO, ingenza izivumelwano namahlakani oshishino ukuze icinge indlela engashishina ngayo ngelP eveliswe ngabasebenzi nabafundi bayo. Ezo zivumelwano zingabandakanya unikezo okanye ukulayiseniswa kwalo IP kumahlakani oshishino. Ezo zivumelwano kuya kufuneka zithobele imigaqo nemithetho echaphazela izinto ezineto yokwenza neR&D, ngaphandle kokuba yonke iP echaphazeleka apho isuka kwiR&D exhaswe ngezimali ngumbutho wangaphandle othe wahlawulela zonke iindleko okanye iP ibandakanya ilungelo lobunini lomsebenzi wokuhlohlha eyunesithi wesiqhelo. Isikhokelo semigaqo nemithetho esisebenza kwIP exhaswe ngezimali yiR&D sibandakanya iPR Act neMiqathango ehambelana naloo mthetho yaye sinyanelisa ukuba imisebenzi enento yokwenza naloo IP ithathele ingqalelo ezi zinto zilandelayo:

- makunikwe ingqalelo kuqala kwilayisenisi engakhethiyo;
- makunikwe ingqalelo kuqala kumaziko eBBBEE namashishini amancinci;
- makunikwe ingqalelo kuqala kumaqela afuna ukusebenzisa iP ngeendlela eziza kuzuzisa uqoqosho nomgangatho wobomi babantu baseMzantsi Afrika;
- makunikwe ingqalelo kuqala kumaqela athe anegalelo kwiR&D ethe yazala loo IP;
- usetyenziso ngalunye lwelP malubonelele urhulumente waseMzantsi Afrika ngelayisenisi engenakutshintshwa nengenamaqithiqithi ukuze urhulumente asebenzise loo IP kwihibathhi lonke kwimiba yezempilo, yokhuselko neyeyidingo zexesha likaxakeka zoMzantsi Afrika;
- usetyenziso ngalunye lwelP malube nomqathango othi, ukuba iqela liye lasilela ukushishina ngelP ukuze kuzuze abemi boMzantsi Afrika, uRhulumente unelungelo lokufumana igunya lokunikezelu ngelayisenisi ezisisinyanzelo emva kokulandela imiqathango yemithetho;
- iziko labucala okanye umbutho ungangumninilayisenisi onamalungelo obunini belP angawawo kuphela ebekho ngenxa yeR&D exhaswa ngezimali liziko ukuba ngaba iyakwazi ukulawula nokushishina ngelP ngendlela ezuzisa uMzantsi Afrika;
- ilayisenisi eyiyeyomntu othile kuphela kufuneka izibophelele ekubeni, xa kukwazeke, iya kuvelisa, yenze ze ishishine ngelP eMzantsi Afrika;
- Ukuba umnini welayisenisi eyiyeyomntu othile kuphela akakwazi ukuqhubeka nokushishina ngelP eMzantsi Afrika ngexesha lokusebenza kwelayisenisi, iSU kufuneka inike iNIPMO izizathu ezipheleleyo zokuba loo mninilayisenisi aqhubeke inguye yedwa onelungelo layo zingaphelanga iintsuku ezingama30 emva kokwazi ukuba loo mntu okanye elo shishini alikwazi ukushishina ngayo, kananjalo ukuba akukho zizathu zivakalayo, iNIPMO ingawaphelisa loo malungelo awodwa omninilayisenisi;

- unikezo lwelP yiSU kwishishini elincinci ukuze kuzuzwe izabelo, kufuneka luqulathe imiqathango ethi xa litshona elo shishini, iIP iya kubuyiselwa eSU.
- Usetyenziso lwelP olubandakanya unikezo lwelP yiSU kudinga, apha kuyimfuneko, iMvume yeNIPMO, ukanti kwezinye imeko neyeBhanki enguVimba, yeSebe *leFinancial Surveillance*;
- ushishino ngelP namazwe aphesheya, kufuneka luchazwe kwiNIPMO kwanethuba yaye kufuneka luthobele yonke imiqathango nezikhokelo ezikhutshwe yiNIPMO okanye kufuneka lwamkelwe yiNIPMO yaye, apha kuyimfuneko, nayiBhanki enguVimba, iSebe *leFinancial Surveillance*;
- kwimeko yoshishino namazwe aphesheya ngokuthi kunikezwe iIP okanye ilayisenisi eyiyeyomntu othile kuphela , iNIPMO kufuneka yaneliseke ukuba akekho omnye umntu eMzantsi Afrika onokusebenza okanye ashishine ngaloo IP kwanokuba abemi boMzantsi Afrika baza kuzuza kushishino lwaphesheya kolwandle;
- kufuneka kufunyanwe imvume yeNIPMO kuzo zonke iilayisenisi ezingenamaqithiqithi kunye neelayisenisi ezinemigqaliselo engasokolisiyo, yaye ukuba ezo layisenisi zezamazwe aphesheya, kufuneka kufunyanwe nemvume neyeBhanki enguVimba, yeSebe *leFinancial Surveillance*;
- iSU iyanyaneliswa ngumthetho ukuba iqinisekise kuqala ukuba nabani onikwe ilayisenisi eyiyeyomntu othile kuphela uyakwazi ukusebenza nokushishina ngayo kummandla eseberiza kuwo loo IP.

## **ICANDELO 5: IINKQUBO ZOKUSHISHINA NGELUNGELO LOBUNINI NGEENKAMPANI EZINGAMAHLUMELA ENKAMPANI ENGUNDOQO**

Ekuzibopheleleni kwayo kushishino ngelP yayo, iSU iya kuxhasa ukumiselwa kweenkampani ezingamahlumela enkampani engundoqo ukuze kushishinwe ngelP yayo, xa oko kufanelekile naxa kukwazeka, yaye kuloo meko baye bandakanywe abasebenzi nabafundi. Zonke ezo nkampani ezingamahlumela enkampani engundoqo kufuneka zimiselwe zihlanganiswe yilnnovus TTO yaye lonke ubandakanyeko lwabasebenzi nabafundi kufuneka lugunyaziswe. Abasebenzi nabafundi baseSU abavumelekanga ukuba bashishine namashishini abucala okanye amaziko azimeleyo ashishina ngelP yaseSU ngaphandle kwemvume yoMlawuli oyINtloko: *welInnovation and Commercialisation*. Olo shishino kufuneka lulandele imigaqonkqubo yaseSU echaphazela abafundi nabasebenzi, eya kuthi kubasebenzi inyanzelise ukuba bacele ukuba bagunyaziswe ukuba benze umsebenzi wabucala ofunyenwe kulandelwa imiqathango yeNkqubogabalala yoKwenza uMsebenzi waBucala (*General Procedure for Private Work*) yaseSU.

### **5.4 IZIGQEBA ZEENKAMPANI**

Kwiimeko apho ilnnovus TTO kufuneka ithathe isiggibo, emva kokubonisana naLowo okanye abo bathe baNegalelo kuloo IP okanye lowo umaketha umbono woshishino, sokuba kushishinwe ngelP okanye kuqhutywe nombono othile woshishino ngokuthi kumiselwe ishishini elilihlumela lenkampani engundoqo, oko kuya kwensiwa yilnnovus TTO eya kuthi imisele ishishini elizimeleyo apho iSU, okanye inkampani etyunjwe yiSU (umz. iUniversity of Stellenbosch Enterprises (Pty) Ltd), nalapho abo bathe banegalelo kwilP, kune amanye amahlakani anokuba khona, aya kuthi afumane izabelo okanye abe nebango kwishishini, kuxhomekeke kumalungiselelo enziweyo ekunokuthi kuvunyelwane ngawo nelnnovus TTO kwasekuqaleni.

Abasebenzi baseSU abasayi kubandakanyeka kuwo nawapho na amanye amashishini abucala okanye azimeleyo okanye amashishini akhuphisana neSU, kubandakanywa lawo akhuphisana ngezfundo, uphando okanye eminye imisebenzi engundoqo eyenziwa yiSU. Kule meko, kufuneka ithathelwe ingqalelo into yokuba, bonke abasebenzi kulindeleke ukuba baqinisekise ukuba inkxasomali yophando abayifumeneyo yokuba benze uphando beseSU ihlawulwa ngqo kwiSU. Abasebenzi abasayi kuvunyelwa ukuba bathabathe inxaxheba kulo naliphi na iziko labucala elinikeza inkxasomali yophando ukuba kwenziwe uphando eSU ngaphandle kwaxa kufunyenwe (i) imvume yomphathi womphangeli neyeDean kulandelwa imiqathango yeSU *Conflict of Interest Policy* kune (ii) nogunyaziso olubhaliweyo olusuka kuMlawuli oyINtloko: wecandelo *le-Innovation and Commercialisation*.

Akukho msebenzi obandakanyeka kwishishini elilihlumela lenkampani engundoqo okanye elinye ishishini elinobuhlakani neSU oya kuthi akhuphisane nelo shishini okanye abandakanyeku kulo naliphi na elinye iziko elikhuphisana nelo shishini ngokuthi libonelele ngezinto okanye iinkonzo ezibufana, engafumenanga mvume yoMlawuli oyINtloko: wecandelo *le-Innovation and Commercialisation*.

I-SU ingala ukumisela ngaphezu kweshishini elinye elilihlumela lenkampani engundoqo kwicandelo elifanayo. Amashishini abucala okanye amashishini angamahlumela enkampani engundoqo enza ushishino olukhuphisana nala mashishini akanakuvunyelwa ukuba enze ushishino neSU, kananjalo bonke abasebenzi abavumelekanga ukuba babe yinxalenyeyalo mashishini kukhutshiswana nawo ngaphandle kwemvume ebhaliweyo esuka kuMlawuli oyINtloko: wecandelo *le-Innovation and Commercialisation*.

I-SU inelungelo lokwenza nokumisela isicwangciso senkampani eyekayo ukusebenza kwiinkampani ezingamahlumela enkampani engundoqo, esinesivumelwano sokuba naluphi ushishinino ngelP nganye olubandakanya unikezo lweiP kwishishini njengoko kuchaziwe kwiCandelo 5, kufuneka ngokwelPR Act siqulathe umqathango othi, xa inkampani ibhangiswa, iIP iya kubuyela kwiSU.

## **5.5 AMANYATHELO OKUMISELA IINKAMPANI EZINGAMAHLUMELA ENKAMPANI ENGUNDOQO**

Ukukwazi ukumisela ishishini elilihlumela lenkampani engundoqo kuya kuphandwa yilnnovus TTO emva kokuba kuzaliswe ifomu exeliwego yokuChaza ngeShishini elo (*Business Disclosure form*) nasemva kokuba loo fomu ingeniswe kwilnnovus TTO. Ukuba ngaba uMlawuli: weTechnology Transfer esebebenzisana noMlawuli oyiNtloko: wecandelo leInnovation and Commercialisation bagqiba kwelokuba ishishini elilihlumela linokumiselwa, kuya kulandelwa inkqubo emiselwe yilnnovus TTO, yokumisela elo shishini enokubandakanya:

- Ukuchonga nokubonisana nabaphathi abafanelekileyo nabasebenzi abangundoqo abaza kubandakanyeka kwishishini;
- Ukuxhasa, apha kuyimfuneko, ngoqequesho lwabasebenzi kubandakanywa ukwenziswa uqequesho oluchanekileyo ngomsebenzi oza kwensiwa;
- Ukuxhasa ngokwenziwa kwesicwangciso seshishini;
- Ukuchonga amahlakani aza kuba lulutho kwishishini, kubandakanywa awokuxhasa ngemali nalawo asele ekwelo shishini;
- Ukuncedisa ngokufumana imali yokuqala ishishini;
- Ukufumana izinto eziza kuncedisa ukukhulisa ishishini kubandakanywa izixhobo ezingundoqo ezibandakanya izibonelelo zonxibelewano;
- Ukubonelela okanye ukuncedisa ekuboneleleni iinkonzo ezingundoqo, ezifana nezokusebenza kweofisi, iT, iinkonzo zomthetho neenkonzo zemali ezisebenza kwishishini.

Uxwebhu olubizwa iInnovus Spin-Out Company Terms lumane luhlaziya ukuze lubonise uluhlu lwazo zonke iinkonzo eziboneletwa yilnnovus TTO, kwakunye nezikhokelo zemigaqo, imiqathango yolawulo elindelekileyo kunye nenqubo yokwenza inkampani elilihlumela eSU. Olu xwebhu lufumaneka elnnovus TTO. I-Innovus TTO isenokubonelela ngeenkonzo nenkxaso echazwe apha kwishishini elitsha ze yona ifumane izabelo kulo nkampani okanye intlawulo ngeenkonzo ezibonelelayo. I-Innovus TTO isenokufuna ukuba kubekho isivumelwano esibhaliwego esichaza oku.

Akukho shishini elilihlumela lenkampani engundoqo eliya kuvunyelwa ukuba lisebenzise izakhiwo ezisesU njengeofisi yalo engundlunkulu, ngaphandle kokuba oko kuvunyelwe nguMlawuli oyiNtloko: wecandelo leInnovation and Commercialisation laseSU. Oku akuchaphazeli izibonelelo zokuncedisa ukuqualisa kweshishini eziboneletwa yiSU. Xa kusetyenziswa iofigi okanye izixhobo zelebhu eziseSU, kufuneka kuqala kwensiwe isivumelwano sokurenta neshishini elilihlumela lenkampani engundoqo. Eso sivumelwano sokurenta siya kusoloko silungiselela izidingo zokufundisa zaseSU kuqala. ISunCom, elicandelo leInnovus, yiyo enoxanduva lokwenza nokulawula ezo zivumelwano zokurenta.

## **5.6 UMSEBENZI ONGQUZULANA NOWEZIKO**

Abasebenzi kufuneka bathobele iConflicts of Interest Policy yaseSU xa bezibandakanya neenkampani ezingamahlumela enkampani engundoqo. Abasebenzi banyanzelekile ukuba bachaze kuSihlalo weSebe kunye/okanye neDean malunga nomsebenzi abawenza bucala kumashishini nakumaziko, nokuba elo shishini leleSU okanye asilolayo. Lo mqaqonqubo usebenza kwizikhundla zokuba ngumlawuli, umninizabelo, ukuba yinxalenyen yenkampani nomsebenzi ongesosigxina.

Abasebenzi mabafake ingxelo ebhaliwego yokuchaza kuMlawuli oyiNtloko: wecandelo le-Innovation and Commercialisation laseSU neDean echaphazelekayo okanye iNtloko yeZiko malunga nawuphi na umsebenzi okanye ubandakanyeko kulo naliphi na iziko elidinga ilayisenisi yaseSU okanye elisebenzisa iP yaseSU kunye nayiphi inzuso yemali okanye engeyoyamali okanye nayiphi na into

elulutho efunyenweyo okanye esenokufunyanwa ngumphangeli waseSU (okanye naliphi ilungu losapho lwakhe, isizalwane, isihlobo sakhe okanye ihlakani lezoshishino lomphangeli) kuso nasiphi na isivumelwano esicetywayo okanye naluphi ushishino olubandakanya iIP yaseSU phambi kokuba eso sivumelwano okanye ushishino luqale. Xa umsebenzi esilele ukuchaza ngokupheleleyo ezo zinto abandakanyeka kuzo, oko kuya kuthathwa njengokophulwa kwesivumelwano anaso sekhontrakthi yakhe yokusebenza, nto leyo enokukhokelela kumanyathelo oluleko okanye ukugxothwa.

Njengomgaqo, abasebenzi baseSU abavumelekanga ukuba babandakanyeke kwindima yokuba ngumphathi, kubandakanywa ukuba liGosa eLilawula iNkampani, kulo naliphi na ishishini elilihlumela lenkampani engundoqo. Ubandakanyeko olunjalo luya kudinga ukuba abasebenzi bafumane imvume yokwenza umsebenzi wabucala kulandelwa imiqathango ye*General Procedure for Private Work* yaseSU, kune, nemvume ye*Dean echaphazeleyo* okanye eye*Ntloko yeZiko aphangela* kulo, esekelwe kudizo olupheleleyo malunga nobandakanyeko lomphangeli lowo. Ukuba loo mvume ayinikwanga yobandakanyeko lwalo mphangeli lokuba enze loo msebenzi kwishishini elilihlumela lenkampani engundoqo abe yena umphangeli enqwenela ukuba aqhubeke naloo msebenzi, umphangeli kuya kufuneka ukuba ayeke ukusebenzela iSU isigxina ukuze enze omnye umsebenzi lowo wangaphandle.

# **ICANDELO 6: ULWAHLULO LWEMALI EYINGENISO EFUNYENWE NGOKUSHISHINA NGEMVELISO OKANYE NGOMBONO WOBUNGQONDI**

I-Innovus TTO iya kugcina irekhodi yalo naluphi ushishino ngelP kunye nolwenzozo nengeniso yemali eyenzeke ngenxa yayo. Ngaphandle kokuba kuvunyelwene ngembalelwano phakathi kweSU nabasebenzi bayo okanye abafundi, imali efunyenwe ngokushishina ngelP iya kwahlulwa kulandelwa umhlathi 6.1. Yimali nenzozo kuphela ezifunyenwe ukuze kubuyiswe ukunikezwa kwamalungelo yiSU elP eya kwahlulwa kulandelwa le nkqubo. Imali eyingeniso efunyenwe ngokuthengisa okanye ukunikeza ilayisenisi yezinto ezizimpawu zaseSU ayibandakanya apha. Imali eyingeniso, eyezabelo nezinye iinzuso efunyenwe yiSU okanye iinkampani ezingamahlakanani ayo njengembuyekezo yokufumana okanye yokunikeza izibonelelo, iinkonzo okanye inkxasomali (nokuba lutyalomali okanye amatyala) kuye nawuphi na umntu okanye iziko, noxa amalungelo elP aseSU enokunikwa loo mntu okanye elo ziko, kulwahlulo oluphantsi kwale IPP. Mayithathelwe ingqalelo into yokuba noxa inkqubo yokwaba echazwe apha isebeenza kwingeniso eyenziwe yiSU kwilP yophando olwensiwe eSU, oku akusebenzi kwinkxasomali okanye elinye igalelo lemali okanye elingelolamali lokuxhasa olo phando. Ngaphezu koko, inkqubo yokwaba ayisebenzi kwingeniso yelP ekuvunyelwene ngayo ukuba ibe yeayabasebenzi kunye/okanye abafundi baseSU kuphela.

## **6.1 UKWABIWA KWEMALI EYINGENISO EFUNYENWE KUSHISHINO NGE-IP**

Ngaphandle kokuba kuvunyelwene ngembalelwano phakathi kweSU nomsebenzi okanye umfundi ochaphazelekayo, kananjalo nangokuxhomekeke kumhlathi 6.2, imali eyingeniso ebekho ngenxa yokushishina ngelP eveliswe ngumsebenzi okanye umfundi, ibe yona iyeyeSU, iya kwabiwa ngendlela ekuchazwe ngayo kulo mhlathi. Imali eyingeniso emayahlulwe, ibandakanya zonke iintlobo zengeniso okanye iinzuso ezivele ngenxa yokushishina nge-IP njengoko kuchaziwe kwilPR Act, kubandakanya wa neentlawulo ezingabuyiswayo zabavelisi, imali efunyanwa ngokuba yinxalenye yenkompani, (kubandakanya wa ubuninizabelo), izahlulo, iintlawulo nazo zonke iimali ezihlawulwayo ezifunyenweyo kunye nexabiso lamalungelo angeyomali neenzozo ezifunyenwe ngokushishina ngawo, kodwa oko akubandakanyi amalizo.

Abo bathe banegalelo kwilP bangathi babandakanyek ekuMiselweni kwelP yaseSU. Izabelo zengeniso ezifanele ukuhlawulwa kwaBo bathe baneGalelo kwilP zabiwa ngokwegalelo labo ekuvelisweni kunye/okanye ekupuhlisweni kwelP.

Abo bathe banegalelo kwilP kulindeleke ukuba bathi bakuggiba ukuzalisa iFomu yokuChaza iMveliso eNtsha, baxele ze bavumelane ngobungakanani begalelo labo kwilP kunye nezabelo abafanele ukuzifumana kwingeniso eza kwahlulwa. Ukuba kuthe nanini na, ubungakanani begalelo batshintsha, yaye bahluke kobo buchazwe kwifomu ezalisiweyo exela ngemveliso leyo, mhlawumbi ngenxa yempazamo okanye ngenxa yolunye uphuhliso oluye lwaba khona lwelP, kufuneka kwensiwe isicelo esibhaliweyo sithunyelwe kwi-Innovus TTO ukuqinisekisa ngegalelo elitshintshileyo lomntu ngamnye kwaBo bathe baneGalelo kwilP. Eso sicelo kufuneka sisayinwe ngabo bonke abathe banegalelo ze singeniswe kwilInnovus TTO xa kuchazwa ngelP yaye siya kuba sisivumelwano esibophelelayo kwaBo bathe baneGalelo kwi-IP. Ukuba kuthe kwakho ukuphikisana phakathi kwaBo bathe baneGalelo kwilP malunga nobungakanani begalelo labo, bonke abo bathe banegalelo bangacelwa ukuba babbale isicelo ze bangenise izimvo zabo kuMlawuli: weTechnology Transfer malunga nalo mpikiswano yaye isigqibo soMlawuli: weTechnology Transfer kulo mba siso esiya kuma yaye sibabophelele bonke.

Kwimeko yelP esaphuhliswayo (umz. eyenkqubo yekhompyutha), iFomu yokuChaza iMveliso eNtsha eneenkcukacha ezintsha emalunga negalelo kwilP ingangeniswa kwilInnovus TTO echaza izinto ezitshintshileyo okanye eziphuculiweyo kwilP eza kusetyenziselwa ushishino. Phambi kokuqhube ka nethuba loshishino kumba welP, ilnnovus TTO ingadinga ukuba iFomu yokuChaza

iMveliso eNtsha isayinwe ze ingeniswe kuyo nguLowo okanye abo bathe baneGalelo kuloo IP ukuqinisekisa ngegalelo lomntu ngamnye. I-Innovus TTO iya kwahlula yonke imali eyingeniso efanele ukuhlawulwa aBo bathe baneGalelo kwi-IP ngokwefomu yesivumelwano yokugqibela engeniswe kuyo nesayinwe nguLowo okanye aBo bathe baneGalelo kuloo IP. Luxanduva lwaLowo okanye abo bathe banegalelo kuloo IP ukuqinisekisa ukuba ifomu yesivumelwano ichaza ngokuchanekileyo igalelo labo kanye nesabelo emabasifumane kwingeniso. Lowo okanye abo bathe banegalelo kuloo IP mabathathetele ingqalelo into yokuba nasiphi eso sivumelwano esichaza ngesabelo sengeniso sisenokwahluka kwisabelo esixeletwe kwilPR Act yaye loo fomu yesivumelwano isusa amabango afanele ukwenziwa ngokwemiqathango yelPR Act.

Noxa inzuso eya kudluliselwa kuLowo oneGalelo kwilP idla ngokuba nezabelo zemali eyingeniso njengentlawulelo enikezwa abo beze nemveliso okanye izabelo, lowo uneGalelo kwilP angathi abe nesabelo (nokuba kungegama lakhe, okanye eletratsi okanye elinye) kulo naliphi na iziko elisebenzisa loo IP, njengakwinkampani elihlumela emiselwe ngokweCandelo 5 lale IPP. Ukuba umsebenzi okanye umfundu uba nesabelo okanye uba yinxalenye yeshishini elithile (umz. abe ngumninizabelo), ibango lakhe lesabelo kwingenisomali engene eSU ehlawulwa phantsi kwale IPP iya kuthi ngaphandle kokuba kuvunyelwene ngembalelwano, icuthwe kujongwe inzuso engenye efunywana kwelinje iziko ngulowo unegalelo, kananjalo uyawayeka onke amabango alawulwa yilPR Act kwiimali ezicuthiweyo. Zonke iinzuso eziya kulowo uneGalelo kwilP ezhlawulwa ngaloo maziko abucala ashishina ngelP, ukulungiseleta ukubala, phantsi koMhlathi 6.1, ziya kuthathwa njengeentlawulo eselete zihlawulwe Lowo unegalelo kwilP njengenxalenye yengeniso yezabelo zakhe yaye ziya kutsalwa kwiimali ezifanele ukuba zihlawulwe Lowo uneGalelo kwilP. I-SU ingafuna ukuba lowo unegalelo kwilP asayine iFomu yoNikezelo apho avuma ukuba kubekho intlawulo ecuthwayo kanye/okanye ayeke iinzuso ezifumaneka phantsi kwale IPP phambi kokuba iSU inikeze ngamalungelo okushishina ngelP kwinkampani elihlumela apho Lowo uneGalelo kwilP enesabelo yaye iSU ingasebenzisa olo cuthomali okanye oko kungahlawuli kuzo zonke izabelo eziyingeniso yeSU ekufuneka ihlawulwe Lowo uneGalelo kwi-IP phantsi kwale IPP.

Ukuba lowo uneGalelo kwilP uyinxalenye yeshishini leziko elibandakanyeka ekushishineni ngelP, ilnnovus TTO isenokufuna ukuba enze isivumelwano esibhaliweyo sentlawulo eyahlukileyo kwisabelo sengeniso yakhe ngokwale IPP yaye inokwenza ifomu yesivumelwano ekufuneka isayinwe nguLowo unegalelo kwilP ze ayingenise kwilnnovus *Technology Transfer* phambi kokuniweza ngamalungelo elP kwiziko elichaphazelekayo. Umahluko kwizabelo zengeniso zaLowo uneGalelo kwilP ekuvunyelwene ngawo nelnnovus TTO awusayi kuchaphazela uxanduva lwaye nawuphi na uMntu oneGalelo kwi-IP kodwa uya kuchaphazela uxanduva lweSU lokwaba ingeniso phantsi kwale IPP.

Ukuba kufunyanwa ilungelo okanye inzuso engeyomali njengenxalenye yokusetyenziswa kweiP, iSU iza kufumana ixabiso laloo malungelo nezo nzozo isebeenzisa iziseko zokubala ixabiso zehlabathi.

Ngaphandle kokuba oku akuvunyelwanga ngokwasemthethweni, iidleko eziza kutsalwa zokuhlawula ingeniso ("**lindleko ezingqalileyo**") ziya kubandakanya iidleko zemali ezihlawulwe ngumntu, imirhumo neemali ezihlawulwa yiSU kwiziko okanye inkampani, zihlawulela ezi zinto zilandelayo:

- (i) ukufaka amaxwebhu, ukuqhube ka nenqubo de igqitywe, upuhliso nokuqhube ka kukhuselwa iP ngokwasemthethweni, yaye ezo ndleko azibandakanyi iimali ezifunyenwe yiSU kumaziko.
- (ii) uphicothozincwadi, ukubuyisela nokuqokelela ingeniso, kubandakanya iimali ezitsalwa yibhanki, imirhumo kanye naziphi na ezinye intlawulo ezihlawulwa yiSU ukuze iqokelele, ifumane okanye inike ingxelo ngeemali ezihlawulwe kuyo ngoshishino ngelP;
- (iii) ukhuselo, uqinisekiso nonyanzeliso lweIP kuyo nayiphi iofisi okanye inkundla yelP;

- (iv) iingcebiso neenkonzo zomthetho malunga nale miba ingentla okanye ukubonelelwa ngokhuselo okanye ezinye izinto ezifuna ingqwalasela kumba wengeniso, okanye kwimiba enento yokwenza nokufakwa kwetyala elinento yokwenza nelP; kunye
- (v) neendleko ezichithiwego kuphando lwemakethi, ukupuhhliswa koshishino, ukumaketha, ukwenza iintengiso, ukubonisa imveliso okanye ukuthengisa, kunye neendleko zokwenza wonke loo msebenzi, nokuba ezo ndleko zihlawulwe kwelinye iziko okanye zihlawulwe yiSU.

Iimali ezinikwe Lowo okanye abo bathe baneGalelo kuloo IP mazisetyenziselwe uphando yaye azinakwabelwa omnye umntu ukuze yena azenzele imali ngazo. YiSU elawula olu lwabiwo ilandela iIPR Act kunye nemiqathango yeNkonzo yeNgeniso yoMzantsi Afrika emalunga nengeniso enjalo, yaye iSU inelungelo lokumisela iinkqubo nezigqeba ezifanelekileyo zokwenza lo msebenzi.

## **Imali eyiNgeniso yeQondo lokuQala: Ingeniso iyonke ukuya kwiR1,000,000 (isigidi seeRandi):**

### **Inyathelo 1:**

I25% yengeniso iyonke yabelwa umsebenzi okanye umfundi waseSU othe waneGalelo kuloo IP okanye inzalelwane yakhe efanele ukufumana ilifa lakhe. Olo lwabiwo lwezabelo lwabiwa ngokobungakanani bomsebenzi ovelisiweyo kunye/okanye uveliso lwelP njengoko kuchaziwe kwiFomu yokuChaza iMveliso eNtsha ngaphandle kokuba kukho enye into ekuvunyelwene ngembalelwano ngayo (**"Isabelo seGalelo leQondo lokuQala"**).

### **Inyathelo 2:**

Zonke iindleko ezinento yokwenza nenqubo yokhuselo noshishino kunye nezinye iindleko ekuvunyelwene ngazo ukuba ziza kubuyiswa zingathi zibuyiswe ngamaqela athe achitha ezo Ndleko ziNgqalileyo ngokuthi zithathwe kwingeniso iyonke ngokwezia ukuya kuma kwiindleko ezichithwe liqela ngalinye phambi kokuba kwabiwe intsalela yeNgeniso.

### **Inyathelo 3:**

Intsalela yeNgeniso (ukuba ikhona), emva kokuphunyezwu kweNyathelo 1 nelesi-2 apha ngentla, (ekubhekiswe kuyo apha njengokuba "yiNgeniso yeQondo lokuQala "), iya kwabiwa ngolu hlobo lulandelayo:

- I50% yengeniso yeQondo lokuQala yabelwa ingxowamali yengqiqo ezintsha eziveliswe eSU.
- I50% yengeniso yeQondo lokuQala iya kwabiwa ngolu hlobo lulandelayo:
  - I30% yengeniso yeQondo lokuQala yabelwa iakhawunti yophando yaseSU yaLowo okanye abo bathe banegalelo kuloo IP ukuba bayisebenzise kumsebenzi wabo wophando nakwigalelo labo ekuveliseni kunye/okanye ekupuhhliseni iIP, de kuphele ingqesho yabo eSU, aphi iya kuthi yabelwe isebe/iqumrhu/iyunithi/iziko aphi umyili/umvelisi/umbhali ebesebenza khona;
  - I10% yengeniso yeQondo lokuQala yabelwa isebe/iqumrhu/ iyunithi/iziko aphi Lowo okanye abo bathe banegalelo kuloo IP basebenza khona ze inxalenye yayo ihlawulwe bona ngegalelo labo ekuveliseni kunye/okanye ekupuhhliseni iIP;
  - I10% yengeniso yeQondo lokuQala yabelwa iifakhalthi ekusebenza kuzo abo banegalelo ze inxalenye yayo ihlawulwe bona ngegalelo labo ekuveliseni kunye/okanye ekupuhhliseni iIP, eya kuthi ilawulwe yiDean, isebezisana neNtloko yeSebe.

## **Ingeniso yeQondo leSibini : Ingeniso iyonke engaphezu kweR1,000,000 (isigidi seeRandi)**

### **Inyathelo 1:**

Zonke iindleko ezinento yokwenza nenqubo yokhuselo noshishino kunye nezinye iindleko ekuvunyelwene ngazo ukuba ziza kubuyiswa zingathi zibuyiswe ngamaqela athe achitha ezo Ndleko ziNgqalileyo ngokuthi zithathwe kwingeniso iyonke ngokwezia ukuya kuma kwiindleko ezichithwe liqela ngalinye phambi kokuba kwabiwe intsalela yeNgeniso.

### **Inyathelo 2:**

Intsalela yeNgeniso (ukuba ikhona), emva kokuphunyezwa kweNyathelo 1 elilapha ngentla (ekubhekiswe kuyo apha njengokuba "**yiNgeniso yeQondo leSibini** "), iya kwabiwa ngolu hlobo lulandelayo:

- I35% yeNgeniso yeQondo leSibini yabelwa Lowo okanye abo bathe banegalelo kuloo IP okanye inzalelwane yabo efanele ukufumana ilifa labo. Kuya kwabelwana ngaloo ngeniso ze inxalenyne yayo ihlawulwe bona ngegalelo labo ekuveliseni kunye/okanye ekuphuhliseni iP, ngaphandle kokuba kuvunyelwene ngokunye ngembalelwano ("**Isabelo seGalelo leQondo leSibini**").
- I35% yeNgeniso yeQondo leSibini yabelwa ingxowamali yengqiqo ezintsha eziveliswe eSU.
- I30% yeNgeniso yeQondo leSibini iya kwabiwa ngolu hlobo lulandelayo:
  - I10% yeNgeniso yeQondo leSibini yabelwa iakhawunti yophando yaseSU yaLowo okanye abo bathe banegalelo kuloo IP ukuba bayisebenzise kumsebenzi wabo wophando nakwigalelo labo ekuveliseni kunye/okanye ekuphuhliseni iP, de kuphele ingqesho yabo eSU, apho iya kuthi yabelwe isebe/iqumrhu/iyunithi/iziko apho Lowo okanye abo bathe banegalelo kuloo IP bebesebenza khona;
  - I10% yeNgeniso yeQondo leSibini yabelwa isebe/iqumrhu/iyunithi/iziko apho Lowo okanye abo bathe banegalelo kuloo IP basebenza khona ze inxalenyne yayo ihlawulwe bona ngegalelo labo ekuveliseni kunye/okanye ekuphuhliseni iP;
  - I10% yeNgeniso yeQondo leSibini yabelwa iifakhalthi ekusebenza kuzo abo banegalelo ze inxalenyne yayo ihlawulwe bona ngegalelo labo ekuveliseni kunye/okanye ekuphuhliseni iP, eya kuthi ilawulwe yiDean isebezisana neNtloko yeSebe.

## IMIZEKELO YOKWABIWA KWENGENISO

Ukuba ababini kwabo bathe banegalelo kwiIP (A & B) benze umsebenzi oyi50% kupuhhliso lweIP, kuya kuthi umntu afumane i50% yesabelo sabantu abaneGalelo kwiQondo lokuQala nesabelo sabaneGalelo kwiQondo leSibini (njengoko kuchaziwe apha ngentla).

- Kuba iSabelo seGalelo leQondo lokuQala siyi25% yeNgeniso yeQondo lokuQala, oko kuthetha ukuba umntu ngamnye onegalelo kwiIP ufanele ukufumana i12.5% yeNgeniso yeQondo lokuQala; yaye
- Kuba iSabelo seGalelo leQondo leSibini siyi35% yengeniso yeQondo leSibini, oko kuthetha ukuba umntu ngamnye onegalelo kwiIP ufanele ukufumana i17.5% yaloo Ngeniso yeQondo leSibini.

Ukuba Lowo uneGalelo kwiIP (ongu-A) ukhethe ukuba abe nesabelo kwiziko eligunyaziswe yiSU ukuba lishishine ngeIP, ibango lakhe kwiSabelo sabo baneGalelo kwiQondo lokuQala neSabelo sabo baneGalelo kwiQondo leSibini liya kwehliswa liye kwinzuso ayifumana ngokuba yinxalenye yelo ziko okanye yelo shishini ngaphandle kokuba kukho isivumelwano esithile esikhoyo. Owesibini oneGalelo kwiIP (ongu-B) akasayi kuchatshazelwa yiloo meko omnye azikhethele yona.

Ukubala ezinye iimali ezifanele ukuhlawulwa Lowo unegalelo kwiIP (A) elapha ngezantsi, zonke iinzuso ezifunyanwa nguLovo unegalelo kwiIP (A) kobo buhlakani bentlawulo (kubandakanywa izabelo ezivela ekuthengiseni) ziya kuthathwa njengeentlawulo eselete zihlawulwe oneGalelo kwiIP (A) njengenxalenye yesabelo sabo baneGalelo kwiQondo lokuQala neSabelo sabo baneGalelo kwiQondo leSibini.

Kwangokunjalo, kuya kusetyenziswa oku kulandelayo, ngaphandle kokuba kuvunyelenwe ngokukokunye neSU ngembalelwano\*:

- Onegalelo kwiIP (B) (ongafumenanga ntlawulo) uya kuba nelungelo lokufumana i12.5% yeNgeniso kwiQondo lokuQala ne17.5% yeNgeniso yeQondo leSibini eSU (nokuba loo ntlawulo isuka kwizabelo okanye ekuthengiseni izabelo okanye imali ehlawulelwu uveliso lomsebenzi).
- Onegalelo kwiIP (A) (ofumene intlawulo kwishishini) uya kufumana kuphela ezinye iintlawulo kuphela xa ngaba ilungelo lakhe lokufumana i12.5% yeNgeniso kwiQondo lokuQala ne17.5% yeNgeniso yeQondo leSibini yaseSU ingaphezu kweenzuso ekufanele ukuba zifunyanwe nguLovo oneGalelo kwi-IP (A) kwintlawulo yeshishini (nokuba loo ntlawulo isuka kwizabelo okanye ekuthengiseni). Ukuba iSU ithengisa izabelo zayo, aze lowo oneGalelo kwiIP (A) angazithengisi, inzuso eya kufunyanwa ngoneGalelo kwiIP (A) iya kuba lixabiso lezabelo ezingathengiswanga ezibalwa ngexabiso lentengiso yezabelo zaseSU.

\*Mayithathelwe ingqalelo into yokuba Lowo uneGalelo kwiIP usayina iFomu yoNikezelu apha avumelana neSU kucutho oluthile kunye/okanye ukunikezela ngeenzuso ezithile phantsi kwale IPP, olo cutho okanye nolo nikezelu lusenokusetyenziswa yiSU nakweyiphi na imeko.

## **6.2 ULWABIWO LWENGENISO EFUNYENWE NGOSHISHINO NGE-IP APHO KUSABELWANA NGOBUNINI**

Apho iIP iyeyeSU kune nombutho ongaphandle, ulwahlulo lwengeniso phakathi kweSU kune nomnye umnini wesibini walo IP luya kwenziwa kuqala kulandelwa inkqubo ekuvunyelwene ngayo nomnini wesibini. Emva koko, isabelo seSU siya kwabiwa ngokomhlathi 6.1. Kwiimeko apha iIP iyeyomsebenzi okanye umfundu othe wacela iSU ukuba imncedise ashishine ngayo, kuya kuthi kuvunyelwane ngolwahlulo lwengeniso kwasekuqaleni ngamaqela lawo. Kananjalo, ulwahlulo lwengeniso kuvunyelwana ngalo kwasekuqaleni apha iSU igunyazise umsebenzi okanye umfundu ukuba ashishine ngelP ngaphandle kobudlelwane bakhe neSU.

## **6.3 IINZUZO EZIYIMALI NEZINGEYOMALI**

Umgaqonkqubo weSU kushishino ngelP kukufumana inzuzo yemali naphi na apha kunokukwazeka. Umntu uyifumana inzuzo ngokuba anikwe isixa esithile semali ngomsebenzi wakhe kune/okanye intlawulo ngezabelo eye yahlulahlulwe ngokweCandelo 6 lale IPP, ngaphandle kokuba kukho enye into ekuvunyelwene ngayo.

Ukuba inzuzo iyiasethi iSU ebona ukuba ayinakwahlulahlulwa (umz. isixhobo), iSU iya kusithatha eso sixhobo ize ibe ngumnini waso ikune naLowo okanye abo baneGalelo kuloo IP, okanye xa ithanda, iSU ingathi nanini na ithenge eso sabelo singahlulwanga saLowo okanye aBo bathe baneGalelo kuloo IP.

I-SU yiyo eza kugqiba ngokuba zihlala phi, zisetyenzisa njani yaye kushishinwa njani ngeeasethi ekubanjiswene ngobunini bazo. Xa loo asethi yamaqela amabini ithengiswa, irentiswa okanye kushishinwa ngayo yiSU, imali ezuzeka apha iya kwahlulwa ngokwenkqubo yokwaba echazwe apha.

Ukuba iSU ikhetha ukuthenga isabelo esingahlulwanga saLowo okanye abo bathe baneGalelo kuloo IP esiyiasethi eyiyeyesU kune nomnye umntu, iSU iya kuzama ukuba kuvunyelwane ngexabiso lokuthengisa kune naLowo okanye abo bathe baneGalelo kuloo IP, kodwa ukuba eso sivumelwano asiphumeleleli kwiintsuku eziyi30 (amashumi amathathu) sokusenza, iSU ingacela ukuba kujongwe ixabiso laso ngabaphicothizimali abazimeleyo, ekuya kuthi ixabiso laso ibe lilo elisetyenziswayo yaye libophelele wonke onegalelo kuloo IP. Abaphicothizimali bayo kujonga ixabiso lesabelo esingahlulwanga ngokuthi bajonge ukuba siyimalini ze basebenzise inkqubo yokwaba echazwe apha. I-SU ingathenga izabelo ezingahlulwanga zingaphelanga iintsuku eziyi60 (amashumi amathandathu) okufumana ixabiso lezabelo ezingahlulwanga kubaphicothizincwadi. Xa kuthengiswe isabelo esingahlulwanga, akukho mali iya kuhlawulwa kwiakhawunti yophando yaLowo okanye yaBo bathe baneGalelo kuloo IP okanye kumasebe, amaziko okanye iifakhalthi zaLowo okanye aBo bathe baneGalelo kuloo IP.

Ukuba ezinye iinzuzo ezichongiwego ezingeyomali ziza kuba yinxalenye yezinto eziza kuthathelwa ingqalelo xa kusetyenzisa iIP, iSU iza kwenza isivumelwano sembuyekezo enobulungisa kuLowo okanye abo bathe banegalelo kuloo IP phambi kokwamkela kwezo nzuzo, yaye ukuba eso sivumelwano asiphumeleli, iSU ingacela ukuba kujongwe ixabiso laso ngabaphicothizimali abazimeleyo ekuya kuthi ixabiso lalo ibe lilo elisetyenziswayo yaye libophelele kuLowo okanye aBo bathe baneGalelo kuloo IP yaye lingathi lisetyenziswe yiSU njengesiseko sokubuyekeza Lowo okanye aBo bathe baneGalelo kuloo IP, isebezisa inkqubo yokwaba exelwe apha.

## **6.4 INTLAWULO EYA KULOWO OKANYE ABO BATHE BANECALELO KWI-IP**

I-SU iyafuna ukumhlawula Lowo okanye aBo bathe baneGalelo kwilP emva nje kokufumana imali eyingeniso yelP yaye ngokomthetho kufuneka iyihlawule zingaphelanga iinyanga ezili12 (ezilishumi elinambini) emva kokuba iyifumene. Luxanduva lwaLowo okanye abo bathe banegalelo kwilP ukuqinisekisa ukuba iSU ineenkcukacha zokubhankisha zamvanje nezichanekileyo ukuze ikwazi ukwenza intlawulo. Zonke iintlawulo ziya kwensiwa nge-elektroniki yaye zihlawule ngeeRandi zaseMzantsi Afrika kwiakhawunti zeebhanki eziseMzantsi Afrika ngaphandle kokuba kukho enye into ekuvunyelwene ngayo. lindleko zebhanki zaloo ntlawulo kwabo banegalelo kwilP ziya kuhlawulwa nguLowo okanye aBo bathe baneGalelo kuloo IP, kubandakanywa naziphi na iindleko zokubakhangela. Ukuba iSU ayikwazi kuhlawula iimali ngenxa yeenkcukacha zebhanki ezingachanekanga, iSU iya kugcina ezo mali kwitrasti isithuba esingekho ngaphezu kweminyaka emithathu, ekuya kuthi emva koko amalungelo aLowo okanye aBo bathe baneGalelo kuloo IP okufumana loo ntlawulo abhangiswe, ze loo mali ikhutshwe kuloo trasti. Ukuba iSU ihlawule imali kwiakhawunti engachanekanga ngenxa yeenkcukacha ezinikeziwego ezingasasebenziyo okanye ezingachanekanga, akukho xanduva longolunye oluya kuthathwa yiSU kuloo ntlawulo ebithathwe ngokuba yenziwe ngokuchanekileyo ngokweenkcukacha ezinikiwego.

## ULUHLU LWAMAXWEBHU AXHASAYO

<b>Igama</b>	<b>Ubume</b>	<b>Umninixwebhu</b>
UMgqaonkqubo wokuBala iiNdleko nokuMisela aMaxabiso oPhando naweeKhontrakthi eziNxulumene noPhando.	Wamkelwe	USekela weSekela Ngqonyela: kuPhando, ezobuChule neziFundo zabaThweswe iZidanga
Umgaqonkqubo oMalunga nokuSetyenziswa nokuLayiseniswa kweeMpawu zoShoshino zeYunivesithi yaseStellenbosch	Wamkelwe	IGosa eliyiNtloko yeMisebenzi
IManyuwali yeBhrendi	Ukwamkelwa akukaphunyezwa	USekela weSekela Tshansila: Ifuthe kwezeNtlalo, iNguqu nemiba yabaSebenzi
UMgaqonkqubo oMalunga nokuFundiswa kweekhosi eziMfutshane kw'iYunivesithi yaseStellenbosch	Wamkelwe	IGosa eliyiNtloko yeMisebenzi
Izikhokelo ngokubanzi zelungelo lokushicilela phantsi kwemimiselo yeSivumelwano soLayisensogabalala saseSU	Uhlaziyio lokugqibela lwalungo2020	Ukuyilwa kweZinto eziNtsha nokuShishina
UMgaqonkqubo woPhando oluPhikisayo	Wamkelwe	USekela weSekela Ngqonyela: kuPhando, ezobuChule neziFundo zabaThweswe iZidanga
UMgaqonkqubo woMsebenzi woBungcali	Ukwamkelwa akukaphunyezwa	USekela weSekela Ngqonyela: kuPhando, ezobuChule neziFundo zabaThweswe iZidanga
UMgaqonkqubo woNgquzulwano lweZenzo	Wamkelwe	USekela weSekela Tshansila: Ifuthe kwezeNtlalo, iNguqu nemiba yabaSebenzi